ECM	INkqubo yoLawulo loMongo kuShishino
ERM	ULawulo loMngcipheko kuShishino
ERMECO	ULawulo loMngcipheko kuShishino kunye neKomiti engokuziphatha
GRAP	INkqubo yoGcinozincwadi eNakanwa ngokuPhangaleleyo
IMLD	UMhla waMazwe ngaMazwe woLwimi lweeNkobe
ISA	IMigangatho yaMazwe ngaMazwe yoPhicotho
MEC	ILungu leBhunga eliLawulayo
MTSF	ISikhokelo seSicwangcisoqhinga seThuba eliseMbindini
PAA	UMthetho iPublic Audit Act
PanSALB	IBhodi yeeLwimi Zonke zoMzantsi Afrika
PERMPS	UMgaqonkqubo neSicwangcisoqhinga sePhondo soLawulo loMngcipheko kuShishino
PFMA	UMthetho iPublic Finance Management Act, ka1999
PLC	IKomiti yeeLwimi yePhondo
POPIA	UMthetho iProtection of Personal Information Act, ka2013
PSP	ISicwangciso seSicwangcisoqhinga sePhondo
SASL	ULwimi lwabaNgevayo loMzantsi Afrika
SCM	ULawulo lweTyathanga leeNtengo
SCOPA	IKomiti eMiyo yeeAkhawunti zikaRhulumente
VIPs	OoNdoqo aBaphefumlelwe nguMbono
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

3. IMBULAMBETHE ESUKA KUSIHLALO

IKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni (WCLC) igunyaziswe ukuba ze ibeke esweni ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu zisesikweni zeli phondo, ezizezi, isiXhosa, isiNgesi kunye neAfrikansi, ngurhulumente wephondo leNtshona Koloni, kwanokuqinisekisa ukumiselwa ngentsebenzo koMgaqonkqubo weelwimi zeNtshona Koloni. Ngaphezu koko, le Komiti inikezela iingcebiso kuMphathiswa wePhondo othwaliswe uxanduva lwemiba yeelwimi kwakunye neBhodi yeelwimi ziZonke zoMzantsi Afrika (PanSALB) ngemiba yeelimi echaphazela eli phondo. IWCLC ikwaphakamisa ukusetyenziswa kothotho lweelwimi ezahlukeneyo yaye ifaka igxalaba ekudalweni kweemeko ezikhuthazayo ukuze kube nokuphuhlisa ze kusetyenziswe iilwimi ezazisa kubekelwa bucala ezifana nesiKhoi, isiNama, nolwaBathwa, ndawonye noLwimi loMzantsi Afrika lwaBangevayo (SASL).



IWCLC yenze ngokugqwesileyo kwiithagethi zayo zamaphulo ka2024/25 ngokuthi isebenzisane namahlakani aphambili akwicandelo leelwimi. Enye yezi ndibanisela zentsebenziswano yaba kunye neSebe leeNkonzo zoLuleko kunye neThala leeNcwadi leSizwe loMzantsi Afrika kuKhuphiswano loMmandla iFunda Mzantsi. Iinkqubo ezifana nezi ziyakubona ukubaluleka kokufunda ekululekweni kwamabanjwa yaye afaka igalelo ekuncitshisweni kokuphinda koniwe.

Le Komiti ihlinzeke inkqubo ngoSuku lweAfrika ikunye neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) ngenjongo yokuphakanyiswa kwezinga leSASL. Iinkqubo zokuphakanyiswa kwezinga leSASL zibalulekile ekuqinisekiseni kokufikeleleka ngokulingana konxibelelwano, ukubandakanyeka, kwakunye nokuhlonitshwa kwamalungelo nenkcubeko yabantu abangevayo nabeva nzima ngeendlebe.

Ukuphakanyiswa, ukulondolozwa nokuphuhlisa kweelwimi ezisingelwa phantsi kubalulekile kwinkalo yokulondolozwa kobuni ngokwenkcubeko, kube ukubandakanyeka ngokolwimi, kwanokuqinisekiswa kweyantlukwano kwanokufikeleleka ngokulinganayo kwamathuba emfundo. Ukuza kuthi ga ngoku, iKomiti le isebenzisene neZiko lophando ngokuSetyenziswa kweelwimi eziNinzi kwaneYantlukwano elikwiYunivesithi yeNtshona Koloni ngenjongo yokusindlekwa kweNgqungquthela yeKaaps.


Ezinye iindibanisela zentsebenziswano zenziwe neDCAS kunye neNdlu yoBuntu bamaCochoqua Khoisan ngenjongo yokukhumbula uSuku lweLifa leMveli, apho kwakunikezelwa kubathabathinxaxheba ngeencwadana kunye namacwecwe eUSB asihloko sithi Zifundise iNama. Ngaphezu koko, iKomiti ikhumbule uSuku lwaMazwe ngaMazwe loLwimi lweenkobe ngokuthi isindleke uKhuphiswano lokuPela ngesiXhosa lwaBafundi beBanga lesi4 nothotho lwamahlakani.

IKomiti iyigcinile indibanisela yayo neDCAS, iPanSALB, kwakunye namanye amahlakani aziingcali ekuguqulelweni kwencwadi yemigaqo yomdlalo wentenetya esiXhoseni. Kubalulekile ukuguqulelwa kweencwadi zemigaqo yemidlalo ekuqinisekiseni komdlalo ongenamkhethe, ukuthatyathwa kwenxaxheba ngokulingana, kwakunye nolwazi olucacileyo ngomdlalo ziimbaleki, amagosa kunye nabalandeli ngokweelwimi neenkcubeko ezahlukeneyo.

IKomiti imisele ikomitana ngenjongo yokuvavanya ukusetyenziswa koMgaqonkqubo weelwimi zeNtshona Koloni ngamasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Eli linge belijolise ekufumaniseni imingeni ekuthe kwajanyelwana nayo ngamasebe ekusetyenzisweni kwalo Mgaqonkqubo kwanokuze kuqinisekise namacebo athe amiselwa.

Iindibanisela zentsebenziswano zibalulekile ekutsalweni kwezibonelelo, ubungcali kwakunye neembono ngenjongo yokuzuzeka kwamanqaku afanayo ngendlela esebenzayo nesemgangathweni. IKomiti iya kuthi ke ngoko iqhube nokwamkela iManaged Network Model emsebenzini wayo ngokuthi ihlale kwiindibanisela nePanSALB, iDCAS kwanamanye amaqumrhu nemibutho achaphazelekayo eli candelo.

Ndingathanda ukudlulisa izincomo endinazo kumalungu ekomiti yeWCLC aphumayo ngokuzinikela kwanegalelo lawo elingenamlinganiselo. Ongazenzisiyo umbulelo uya kumagosa eDCAS, owayesakuba nguMphathiswa uAnroux Marais, kwakunye noMphathiswa okhoyo ngoku uRicardo Mackenzie ngenkxaso yabo engagungqiyo. IKomiti ephumayo ishiya ngemva umzila omandla wezimvo zophicotho ezingenamakhwiniba, iindibanisela zentsebenziswano ezinentsebenzo, kwakunye nophuhliso lweelwimi oluvuselelekileyo. Ndikwanabisa iminqweno yam emihle kwiKomiti engenayo yaye ndiyayikhuthaza ukuba iqhube iyiphakamisa imigaqo iBatho Pele ekulukhonzeni kwabo uluntu lweNtshona Koloni.


Ngugenevieve Lentz
 USihlalo
 31 kweyoKwindla ka2025

4. IMBONO YEGOSA ELONGAMELEYO

INgxelo yoNyaka yeKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni ku2024/25 iqulunqwe ngenjongo yokuyithungelana neCandelo 55 (1)(d) lePublic Finance Management Act (PFMA), uMthetho 1 ka1999.

Isimo semali ngokuphangaleleyo

Noxa besisebenza ngesabelomali ebesingonelanga nje, iKomiti izilawule ngempumelelo izibonelelo zayo ze yagqwesa nakwiithagethi zayo ngokuthi imisele iManaged Network Model. Le nkqubo ibandakanye iindibanisela ezisekelwe kwisicwangcisoqhinga nemibutho efana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, iPanSALB, kwanamanye amahlakani abandakanyeka kuphuhliso lweelwimi. Ngokusondeza izibonelelo zoluntu nezemali, iKomiti ikwazile ukumelana noxanduva lwayo phantsi kwemigaqo yeWestern Cape Provincial Languages Act, 13 ka1998. Akubangakho miba mikhulu echaphazela imali ethe yabikwa kwisithuba sexesha esilishukuxayo, yaye zonke iintshukumo ezichaphazela imali zenziwe ngemigaqonkqubo neenkqubo ezimiselweyo.

Iintshukumo zenkcitho

Inkqubo/ intshukumo/ injongo	2024/25			2023/24		
	Isabelomali	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eNgentla)/ eNganeno	Isabelomali	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eNgentla)/ eNganeno
	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000
Iimveliso neenkonziso	361	350	11*	321	309	12
Inkcitho iyonke	361	350	11	321	309	12

*Eli Qumrhu lisebenzisene neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neminye imibutho kumaphulo eelwimi akhokelele ekongeni kulo nyaka siwushukuxayo.

Imingeni kwizakhono

IKomiti ayibanga nayo imingeni kwinkalo yezakhono.

Iintshukumo eziphambili eziyekisiweyo/iintshukumo eziza kuyekiswa

IKomiti ayibanga nakuyekisa naziphi na iintshukumo eziphambili yaye ayinazinjongo zokuyekisa naziphi na iintshukumo kwixesha elizayo.

Iintshukumo ezintsha okanye ezisacetywayo

IKomiti ayizanga nazintshukumo okanye ke ayicebi kuza nazintshukumo ziphambili zintsha.

Iimali ezibuyiselweyo

Azikho

ULawulo lweTyathanga leeNtengo (SCM) kwanokuba zikho na iinkqubo zeSCM

IKomiti isagcine iinkqubo zoLawulo lweTyathanga leeNtengo ezisemgangathweni, ngenkxaso engenamlinganiselo kwiDCAS. Ezi nkqubo zithungelana ngokugqibeleleyo nemithetho kwakunye nezidingo zemimiselo echaphazelekayo. Kwisithuba solu hlalutyo, iKomiti iye yachasela kwinkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo neyilahleko, ibonakalisa ulawulo olululo lwezibonelelo. Ngokophicotho oluqhubayo kwakunye nokuphuculwa kweenkqubo zeSCM, imingcipheko ebinokubela ibhaqeka ngempumelelo ze inqandeke.

Amangeniso eebhidi ezingavulelekanga

Awekho

Imingeni ekujanyelwene nayo kwanendlela esonjululwe ngayo

Ukushiya indawo kwelungu lekomiti ebelisisithulu kuvule umsantsa kwinkalo yeengcebiso ezisekelwe kubuchule bolwazi obudingwa luluntu oluzizithulu. Ukulwisana nalo mngeni, iKomiti ivuselele uthungelwano lwayo lwentsebenziswano ngokumisela iindibanisela zentsebenziswano nemibutho efana nePanSALB. Ezi ndibanisela zisekelwe kwisicwangcisoqhingana zincedise ekufikeleleni kwiingcali zangaphandle, kube ke ngoko kunqandwa ifuthe lalo msantsa wokumelwa.

Imiba yengxelo yophicotho yonyaka ongaphambili kwanendlela eza kusionjululwa ngayo

Ayikho. IKomiti ifumene uluvo lophicotho olungenamakhwiniba kunyakamali odlulileyo.

Isimo/iZicwangciso zokulwisana nemingeni yemali kwixesha elizayo

IKomiti isazinikele kunangoku ekuvuseleleni iManaged Network Model ngelixa iphakamisa iindibanisela zentsebenziswano namahlakani alulutho. Ngala malinge ahlanganyelweyo, siya kuqinisekisa umiselo lwenkqubo egqibeleleyo nehlanganyelweyo yokujongana nemiba yolwimi kwiNtshona Koloni ngokubanzi.

Imicimbi yasemva komhla wengxelo

Ayikho

Isimo ngokoQoqosho

Isimo seKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni ngokoqoqosho sivakaliswe kwinyaniso yokuba ithatyathwa yiPanSALB njengekomiti yeelwimi yephondo kwiNtshona Koloni. Isebenzisana ze inike iPanSALB iingcebiso ngemiba echaphazela ulwimi kweli phondo.

Unakano neZincomo

Ndingathanda ukuvakalisa izincomo zam kuAnroux Marais, osebenze njengoMphathiswa wangaphambili, kwanakuRicardo Mackenzie, owamkele uxanduva njengomphathiswa kwisithuba seli xesha silishukuxayo. Umbulelo wam udlulela kwangokulinganayo kumagosa azinikeleyo eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ethe inkxaso yenkuthalo yawo yabaluleka ekuvuseleleni ikomiti ukuze ibe nokuzuza zonke iithagethi zayo. Ndikwabulela ngokungazenzisiyo amalungu eKomiti ngokuhlala ezinikele ekumiseleni iMigaqo yeBatho Pele ekulukhonzeni kwawo uluntu lweNtshona Koloni.



NguGenevieve Lentz

Egameni leGosa eLongameleyo

31 kweyeThupha ka2025

5. INTETHO YOKUTHABATHELA UXANDUVA KWANOKUQINISEKISWA KOKUCHANEKA KWALE NGXELO YONYAKA

Ngokokwam ukwazi nenkolelo, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukachaa kunye nezixa ezidizwe kule Ngxelo yoNyaka zihambelana neeNgxelo zeMali zoNyaka eziphicothwe nguMphicothizincwadi Jikelele. INgxelo yoNyaka le igqibelele, ichanekile yaye ayinazinkcukacha zishiyelweyo. Le Ngxelo yoNyaka iqulunqwe ngokwemigaqo yezikhokelelo zokuqulunqwa kweNgxelo yoNyaka njengoko zikhutshwe liSebe leMali leSizwe.

liNgxelo zeMali zoNyaka (ezikwiSigaba F) zona ziqulunqwe ngokwemigaqo yemigangatho yeNkqubo yoGcinozincwadi eVunywe NgokuPhangaleleyo (GRAP) esebenzayo kweli Qumrhu likaRhulumente.

IGosa eLongameleyo linoxanduva lokuqulunqwa kweeNgxelo zeMali zoNyaka kwanezigqibo ezenzwe kwezi nkcukacha.

IGosa eLongameleyo linoxanduva lokuseka nokumisela inkqubo yolawulo lwezangaphakathi, eyilelwe ukunikezela isiqinisekiso esikhokelekayo ngokundiliseka kwanokuchaneka kweenkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingezibonelelo zoluntu kunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothizincwadi bangaphandle bakholo ukuvakalisa uluvo oluzimeleyo ngeeNgxelo zeMali zoNyaka.

Ngokoluvo lwethu, le Ngxelo yoNyaka ivakalisa ngendlela engenamakhwiniba iintshukumo, iinkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingezibonelelo zoluntu ndawonye nemiba yemali yeli Qumrhu likaRhulumente kunyakamali ofikelele esiphelweni ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025.

Owenu ngokuzithobay



NguGenevieve Lentz
Egameni leGosa eLongameleyo
31 kweyeThupha ka2025

6. ISIMO NGOKWESICWANGCISOQHINGA

6.1. Umbono

Kukuxhotyiswa kwabo bonke abantu baseNtshona Koloni ngokolwimi, ukuvuselelwa kwesidima somntu ngokuthi kuhlonitshwane ngokolwimi kwanokuphakanyiswa kokusetyenziswa kothotho lweelwimi.

6.2. Umnqophiso

Kukuhlola ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisesikweni kwiNtshona Koloni; ukuhlola ukumiselwa koMgaqonkqubo weelwimi zeNtshona Koloni kwanokunikizela ngeengcebiso kuMphathiswa othwaliswe uxanduva lokujongana nemiba yeelwimi kunye nePanSALB ngemiba echaphazela ulwimi okanye echaphazela iPhondo.

6.3. Imigqaliselo

INkathalo, uBuchule, ukuThabathela uXanduva, iSidima, iiNgcina eziNtsha kunye noKusabela.

7. IZIGUNYAZISO NGOKWEMITHETHO KUNYE NEZINYE

IWCLC iliqumrhu leShedyuli 3C ngokwemigaqo yomthetho iPublic Finance Management Act, ka1999.

7.1 Izigunyaziso ngokoMgaqosiseko

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka1996	
Icandelo 6(3), (4) no (5): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokusebenzisa imithetho nangamanye amacebo, alawule aze abeke esweni ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zihlonitshwe ngokulinganayo zize ziphathwe ngokulinganayo. I-WCLC isebenzisana nePanSALB ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisemthethweni zephondo nokwenza iimeko zophuhliso nokusetyenziswa kweelwimi zesiKhoi, isiNama neSan neSASL. I-WCLC, ngokubambisana neDCAS, inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukuphunyezwa kwePolisi yeelwimi yaseNtshona Koloni, eyamkelwe ngo2001, kwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngalo myalelo ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS iyayongamela iWCLC ibe inika iKomiti inkxaso yezolawulo neyezezimali.
Icandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	I-WCLC iququzelela amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise ulwimi lwabo namalungelo enkcubeko ngeenkqubo neeprojekthi ezibonisayo nezixhasayo.
Icandelo 31: Iikomiti zenkcubeko, zonqulo nezolwimi	I-WCLC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo zayo namaphulo ahlonipha ukwahluka kweenkcubeko zabemi beNtshona Koloni.
Icandelo 41: Imigaqo karhulumente yentsebenziswano nobudlelwane phakathi kukarhulumente	I-WCLC isebenzisana nawo onke amacandelo karhulumente ekwenzeni umsebenzi wayo.
IShedyuli 4: Imimandla esebenzayo yobuchule yowisomthetho yesizwe nephondo	Ngokuphathelele ipolisi yeelwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni ngokwemiqathango yecandelo 6 loMgaqosiseko inika ngokucacileyo ubuchule bowisomthetho kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni, iWCLC isebenza ngokusondeleyo neSebe lesizwe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko kunye namaziko karhulumente anxulumene nemiba yomgaqonkqubo weelwimi.

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka1996	
Icandelo 6(3), (4) no (5): Ulwimi	<p>URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokuthi asebenzise imithetho kwanangamanye amacebo, alawule aze abeke esweni ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zihlonitshwe ngokulinganayo zize ziphathwe ngokulinganayo. I-WCLC isebenzisana nePanSALB ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisemthethweni zephondo nokwenza iimeko zophuhliso nokusetyenziswa kweelwimi zesiKhoi, isiNama neSan neSASL.</p> <p>I-WCLC, ngokubambisana neDCAS, inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukuphunyezwa kwePolisi yeeLwimi yaseNtshona Koloni, eyamkelwe ngo2001, kwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngalo myalelo ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS iyayongamela iWCLC ibe inika iKomiti inkxaso yezolawulo neyezemali.</p>
UMgaqosiseko weNtshona Koloni, ka1997 (uMthetho 1 ka1998)	
Icandelo 5	<p>Ngeenjongo zikaRhulumente weNtshona Koloni:</p> <p>(a) iilwimi ezisemthethweni, ezizezi, isiNgesi, isiXhosa nesiBhulu zephondo kufuneka zisetyenziswe; kwaye</p> <p>(b) iilwimi kufuneka zilingane.</p> <p>IWCLC kufuneka ibeke esweni ukusetyenziswa kwesiXhosa, isiBhulu nesiNgesi eNtshona Koloni.</p> <p>IWCLC kufuneka iphumeze amanyathelo asebenzayo naqinisekileyo okunceda ukuphakamisa imeko nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zaseNtshona Koloni ebekukhe kwancitshiswa ukusetyenziswa kwazo ngokwembali.</p>
Icandelo 81(d)	<p>Urhulumente waseNtshona Koloni kufuneka amkele aze aphumeze iipolisi zokukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu baseNtshona Koloni, kuquka iipolisi ezijolise ekuphumezeni intlonipho yamalungelo oluntu enkcubeko, onqulo naweelwimi eNtshona Koloni.</p>

7.2 Izigunyaziso ngokwemithetho


UMthetho	Isalathiso	Ingcaciso
INguqu yeShumi elineSibhozo yoMthetho uMgaqosiseko	UMthetho 3 ka2023	Lo Mthetho ulungisa icandelo 6 loMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka1996, ngokongezwa koLwimi lweZandla loMzantsi Afrika njengolunye lweelwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika.
UMthetho iPan South African Language Board	UMthetho 59 ka1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna iPanSALB iseke iKomiti yeeLwimi yePhondo (PLC) kwiphondo ngalinye.
UMthetho iProtection of Personal Information Act (iPOPIA)	UMthetho 4 ka2013	<p>Lo Mthetho ukhuthaza ukukhuselwa kwenkcazelo yobuqu eqhutywa ngamaqumrhu karhulumente nawabucala; ukwazisa ngeemeko ezithile ukuze kubekho ubuncinci bezinto ezifunekayo ukuze kusetyenzwe ngenkcazelo yobuqu. Ukongeza, lo Mthetho unikezela ngokusekwa koMlawuli weNkcazelo ukuba asebenzise amagunya athile nokwenza imisebenzi ethile ngokwalo Mthetho kunye noMthetho iPromotion of Access to Information, ka2000.</p> <p>Lo Mthetho unikezela nangokukhutshwa kweekhowudi zokuziphatha; ngamalungelo abantu ngonxibelelwano lwe-elektroniki olungafunekiyo kunye nokwenza izigqibo ngokuzenzekelayo; ukulawula ukuhamba kweenkcukacha zobuqu kwimida yeRiphabliki; nangokumisela imiba echaphazelekayo.</p>
UMthetho iPublic Finance Management Act (PFMA)	UMthetho 1 ka1999	I-WCLC kufuneka ingenise iingxelo zekota nezonyaka ngentsebenzo yayo neengxelo zemali eziphicothiweyo ngokusekelwe kwiinjongo zonyaka ekugxilwe kuzo kunyakamali ngamnye.

UMthetho	Isalathiso	Ingcaciso
UMthetho iSouth African Language Practitioners' Council Act, ka2014	UMthetho 8 ka2014	Xa kusekwa iBhunga leengcali zeelwimi zoMzantsi Afrika, liya kuba negunya, phakathi kwezinye izinto, lokubhalisa nokunika imvume kumagcisa olwimi, ukubeka umgaqo wokuziphatha, kunye nokulawula ukusetyenziswa kweelwimi.
UMthetho iTraditional and Khoi-San Leadership Act	UMthetho 3 ka2019	UMthetho unikezela: <ul style="list-style-type: none"> ngokwamkelwa koluntu lwemveli noluntu olungamaQhakancu naBathwa, izikhundla zobunkokheli nokurhoxiswa kokwamkelwa okunjalo; ngemisebenzi neendima zeenkokheli zemveli nezeenkokheli nezamaQhakancu nezaBathwa; ngokwamkelwa, ukusekwa, imisebenzi, iindima nolawulo lwamabhunga obukhosi okanye obukumkanikazi, amabhunga amakhulu emveli, amabhunga emveli, amabhunga eKhoi-San namabhunga amancinci emveli, kunye nenkxaso kumabhunga anjalo; ngokusekwa, ukubunjwa nokusebenza kweNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli kunye neKhoi-San; ngokusekwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli nezamaQhakancu nezaBathwa; ngokusekwa nokwakiwa kwezindlu zasekuhlaleni zeenkokheli zemveli kunye neenkokheli zeKhoi-San; ngokusekwa nokusebenza kweKhomishini kwiMiba yeeKhoi-San; ngekhawudi yokuziphatha yamalungu eNdlu kaZwelonke, izindlu zamaphondo, izindlu zasekuhlaleni nawo onke amabhunga emveli nawaseKhoi-San; kunye namagunya alawulayo oMphathiswa neeNkulumbuso.
UMthetho iUse of Official Languages Act	UMthetho 12 ka2012	Lo Mthetho usebenza ngokukodwa kumasebe kazwelonke, kumaqumrhu karhulumente kazwelonke nakumashishini karhulumente kazwelonke. Ukuba imiba yoMthetho ibiza kuba nefuthe kwipolisi yeelwimi nokusebenza eNtshona Koloni, iWCLC ibiya kuba negunya lokudlala indima.
UMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act	UMthetho 13 ka1998	Phakathi kwezinye izinto, iWCLC ifanele: <ul style="list-style-type: none"> ukubeke esweni ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; yenze iingcebiso kwiMEC (iLungu leBhunga eliLawulayo) nePalamente yePhondo ngawo nawuphi na umthetho ocetywayo okanye okhoyo, ukuziqhelanisa nepolisi echaphazela ulwimi eNtshona Koloni; ikhuthaze ngenkuthalo umgaqo wokuthetha iilwimi ezininzi; ikhuthaze ngenkuthalo uphuhliso lweelwimi zemveli ezazikhe zcalulwa; icebise uMEC neKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngemicimbi yolwimi kwiPhondo; ze icebise iPansALB kwimiba yolwimi kwiNtshona Koloni.

7.3 Izigunyaziso ngokwemigaqonkqubo

UMgaqonkqubo	Ingcaciso
IKhowudi engeNdlela yokuZiphathwa kwaMalungu eWCLC	Eyona njongo iphambili yoMgaqo kukukhuthaza ukuziphatha okungumzekelo phakathi kwamalungu ukuze kubekho intembeko kwiziko leWCLC.
ISicwangcisoqhinga soLawulo loMngcipheko kuShishino kunye neSicwangciso soMiselo	Kukuphumeza iimfuno zePFMA, uMthetho 1 ka1999, icandelo 51(1)(a)(i) lichaza ukuba igosa elongameleyo kufuneka liqinisekise ukuba iqumrhu eli linayo kwaye liyayigcina inkqubo esebenzayo nevulelekileyo yolawulo lwemali kwakunye nomngcipheko nolawulo lwezangaphakathi.
Izigunyaziso kwezeMali	Ukudluliselwa kwamagunya akhutshwe liGosa eLongameleyo ngokwemigaqo yecandelo 44(1) ne44(2) yoMthetho iPublic Finance Management Act, ka1999
ISicwangciso soThintelo loBuqhetseba	Lo Mgaqonkqubo umisela ngeendlela zokusabela ekunikezelweni kwengxelo zophando kwanokusonjululwa kwezenzo zobuqhophololo obunefuthe kweli Qumrhu.
ISikhokelo seZiphathekayo	IGosa eLongameleyo kufuneka liphuhlise kwaye livumelane nesicwangcisonkqubo semigangatho eyamkelekileyo yezinto eziphathekayo kunye nokubaluleka noGunyaziwe weSigqeba kwindibano nabaphicothizincwadi bangaphandle.
ISikhokelo soMgaqonkqubo weLwimi zeSizwe (sika2003)	Lo mgaqonkqubo umisela isikhokelo sokusetyenziswa kwemimiselo yoMgaqosiseko ndawonye neyezigunyaziso zemithetho kuwo onke amaqumrhu ombuso, kuquka neWCLC. Ukwamisela ukuthotyelwa kwemigaqo kwakunye nezicwangcisoqhinga.
Ukuhlawulwa kwaMalungu	Kukuququzelela intlawulo kumalungu eWCLC atyunjelwe ukuya kwiingqungquthela, kumaphulo, kwimihlangano kunye neentlangano zocweyo egameni leli Qumrhu.
ISigunyaziso seSCM	Ukudluliselwa kwamagunya liGosa eLongameleyo ngokwecandelo 44(1) nelama44(2) lePFMA.
ULawulo lweTyathanga leeNtengo	Kukumisela inkqubo yolawulo lwetyathanga leentengo kweli Qumrhu.
UMgaqonkqubo weLwimi kwiNtshona Koloni (owapapashwa kwiGazethi yePhondo njengePN 369/2001 yomhla wama27 kweyeNkanga ka2001)	I-WCLC inyanzelekile ukuba ihlole inkqubo yokumiselwa kwalo mgaqonkqubo.

8. ISIMO SEQUMRHU



*Urhoxe ukususela ngomhla wama27 kweyoMnga ka2024

ISIGABA B: IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO

1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EBEZICWANGCISWE KWANTLANDLOLO

UMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kungoku nje wenza iinkqubo ezifanelekileyo zophicotho kwiinkcukacha ezingentsebenzo ngenjongo yokunikezela ingqinisekiso engagqibelelanga ngokohlobo lwembono yophicotho. Imbono yophicotho engentsebenzo ngokuthelekiswa neenjongo ebezimiselwe kwantlandlolo ibandakanyiwe kwingxelo esiwa kubalawuli, phantsi kwesihloko esithi iinjongo ebeziMiselwe kwaNtlandlolo esikwiNgxelo engezinye izidingo zomthetho nezemimiselo yeNgxelo yoMphicothizincwadi.

Yiya kwiphepha lama40 ukuze ufikele kwiNgxelo yoMphicothizincwadi Jikelele, epapashwe kwiSigaba F: seeNkcukacha ezingeMali.

2. ISIMO NGOKWENTSEBENZO

2.1. Imeko yenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo

I-WCLC inikezele isikhokelo kuphuhliso lweelwimi njengesixhobo esibalulekileyo sonxibelelwano nokuzivakalisa ngokuthi kuphakanyiswe ngokumandla uMgaqonkqubo weelwimi zeNtshona Koloni ngelixa kuutshatshelwayo kwiilwimi zesintu kwanakwiSASL. Kusetyenzwa kwisikhokelo seManaged Network Model, iKomiti imisele iindibanisela zentsebenziswano nothotho lwemibutho ephakamisa iilwimi, kube ngoko kuhlangukiswa ngempumelelo izibonelelo zala maqumrhu kunye nobungcali ngenjongo yokudala ifuthe elihlanganyelweyo nelizinzileyo kwiqonga leelwimi zephondo.

Kulo nyaka ngokubanzi, iWCLC isindleke imihlangano emithandathu ngokusesikweni ze yabamba namaphulo amabini okwandisa ulwazi naphakamisa ukumiselwa koMgaqonkqubo weelwimi zeNtshona Koloni. Kuqoshelise namaphulo amane aphakamisa iilwimi zeenkobe. IQumrhu lizifezekise ngogqweso iithagethi zayo ngokwamaphulo, yaye ke le mpumelelo idalwe kukusetyenziswa kakuhle kwenkqubo iManaged Network Model approach.

Buye bagcinwa ubudlelane obululutho nobusekelwe kwintsebenziswa nePanSALB, kube kuqinisekiswa amatilile ahlanganyelweyo okusombulula imiba yeelwimi kweli phondo.

2.2. Isimo sequmrhu

I-WCLC imiselwe ngokwemigaqo yeCandelo 6 leWestern Cape Provincial Languages Act, Nombolo 13, ka1998. Ngokwalo Mthetho, aMalungu eWCLC aqashwa isithuba seminyaka emithathu. Ubuninzi ngamalungu ali11 anokuthi aqashelwe kule Komiti. Amalungu ale Komiti aqashwa ngokwenkqubo kawonkewonke yokuchongwa nokudweliswa kwabambalwa, ekhokelwa yiKomiti echaphazelekayo yePalamente kwiNdlu yoWisomthetho, oko kulandelwe kukuqashwa kwabo nguMphathiswa wePhondo. IKomiti ekhoyo ngoku yasekwa ngomhla woku1 kweyoMdumba ka2022 yaye ixesha labo liphela ngomhla wama30 kwekaTshazimpuzi ka2025.

IKomiti iliGosa eLongameleyo yeli Qumrhu yaye inoxanduva lwayo yonke imiba echaphazela ezingolawulo ngokwemigaqo yamaCandelo 49 ukuya ku57 ePublic Finance Management Act, ka1999. Kuthatyathwe isigqibo ngomhla we10 kweyoMdumba ka2022 sokuba uSihlalo, ngokwemigaqo yeCandelo 56 lePFMA, uya kufezekisa umsebenzi weGosa eLongameleyo, egameni leli Qumrhu likaRhulumente. Ukuba uSihlalo uthi angabi nakubakho, iSekala likaSihlalo liyawufezekisa lo msebenzi wokuba liGosa eLongameleyo, egameni leli Qumrhu likaRhulumente.

Ngokwemigaqo yecandelo 17 leWestern Cape Provincial Languages Act, ka1998, amagosa ecandelo leeNkonzo zeeLwimi leDCAS anika inkxaso yezolawulo kwiWCLC. Umsebenzi ongezolawulo ubandakanya ukunikezela ngomxholo kunye nenkxaso ngokwenkqubo kwakunye nokulawulwa zonke amalungiselelo adingekayo ukuze isebenze ngendlela le Komiti. Umsebenzi wokunikezelwa kwenkxaso yolawulo lwemali wenziwa ngabasebenzi becandelo leNkxaso ngezeMali kumaQumrhu kaRhulumente.

Onke amaxwebhu aphathelele kwezingolawulo eWCLC agcinwa kwiCandelo leeNkonzo zeeLwimi ze amaxwebhu achaphazela imali wona agcinwe kwicandelo le leNkxaso ngezeMali kumaQumrhu kaRhulumente. Amaxwebhu agcinwa kwinkqubo yeqonga lezobuchwepheshe engoLawulo loMongolo woShishino (ECM), ukuze agcinwe ngokukhuselekileyo, afumaneke lula nakuvimba wequmrhu.

Amalungu eWCLC awasosigxina kula ofisi yaye xa kuhlangukiswa nemali engonelanga esebenza ngalo iQumrhu lithintele ubungakanani bamaphulo ebinokuwenza iKomiti ze iwaqoshelise. Ukushiya indawo kwelungu ebelisisithulu kudale umsantsa owongezelekileyo kwinkalo yobungcali. Noxa kunjalo ke, iindibanisela zentsebenziswano neCandelo leeNkonzo zeeLwimi

ndawonye nothotho lweminye imibutho yeelwimi zancedisa ekoyisweni kwemingeni, kube ngoko kuvulelwa iKomiti ukuba iwufezekise ngempumelelo umsebenzi wayo.

2.3. linguqu eziphambili kwimigaqonkqubo kwaneenguqu kwimithetho

UMthetho iConstitution Eighteenth Amendment Act wawiswa ngo2023. UMthetho lo waguqula iCandelo 6(1) loMgaqosiseko woMzantsi Afrika, ka1996, uvulela ukunakanwa kweSASL njengolunye lweelwimi zeli lizwe. Idala imiqathango esemgangathweni ukuze kube nokuvuselelwa iSASL ze kwenyuswe nezinga lolwazi kwinkalo yezidingo zabantu abazizithulu. Esi sigqibo sihle kangaka sithungelana nemisebenzi emihle yeKomiti yokuphakanyiswa kwezinga leSASL kwakunye nezidingo zabazizithulu kwiinkqubo enazo ngoku.

2.4. Inkqubela eya ekuzuzekeni kweempembelelo kunye neziphumo zequmrhu

Iziphumo ezicetyiweyo zale Komiti ngokweSicwangciso seSicwangcisoqhingha zibonakaliswa ngezantsi apha, zidiza inkqubela eyenziweyo ekuzuzekeni kwentetho yefuthe lale Komiti.

Intetho yefuthe: iKomiti yeelwimi zeNtshona Koloni ngokweentshukumo zayo eziphambili, ijolise ekuxhobiseni uluntu ngokolwimi kwanokudala uluntu lokuhlala olubumbeneyo nolubandakanyekayo.

Isiphumo 1	Ngabemi abaxhobisekileyo kwakunye noluntu lokuhlala olubandakanyekayo nolubumbeyo
Isalasithi seSiphumo	Kukuphakanyiswa kwezinga kwakunye nokuphuhlisa kwelwimi zeNtshona Koloni kunye neelwimi zeenkobe ebezisa kusingelwa phantsi

Kwisithuba sonyakamali u2024/25, iKomiti ifake igalelo kwiSikhokelo seSicwangcisoqhingha seZiphumo zeSizwe kwiThuba eliseMbindini (MTSF) ka2019-2024 ngokolu hlobo lulandelayo:

Undoqo weMTSF	Igalelo leKomiti
Undoqo 3: Imfundo, izakhono nempilo	<p>Iphakamise umgaqo wokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiNtshona Koloni ngokweendibanisela zentsebenziswano ezakhiweyo.</p> <p>Iphucule ubudlelane bayo bokusebenza nePanSALB kunye namanye amaqumrhu asebenza ngeelwimi.</p> <p>Iphakamise uphuhliso nokuvuselelwa kweelwimi zeenkobe ezazisa kusingelwa phantsi kunye neSASL ngenjongo yokwandisa ulwazi kwanokukhuthaza unxibelelwano kwezi lwimi phakathi kwabahlali baseNtshona Koloni.</p> <p>Icebise uMphathiswa kunye nePanSALB ngeelwimi ngemiba echaphazela iNtshona Koloni.</p> <p>Yabonisana namahlakani achaphazelekayo ze yahlala isesweni ngophando olusichaphazelayo noluphathelele kwimiba yeelwimi echaphazela eli phondo.</p>
Undoqo 6: Ubumbano loluntu kwakunye noluntu lokuhlala olukhuselekileyo	Ukuze ibe nokwandisa ulwazi kwanokusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisesikweni ndawonye neSASL phakathi kwabahlali aseNtshona Koloni, iKomiti yamisela ubumbano loluntu kunye noluntu lokuhlala olukhuselekileyo ngokuthi iphakamise ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo, iilwimi zeenkobe ezazisa kubekela bucala kunye neSASL ngokweenkqubo zayo.
Undoqo 7: IAfrika neHlabathi elingcono	Ekuxhaseni ubumbano lommandla nolwelizwekazi, iKomiti ibhiyozele ze yaphakamisa imihla ethile ebalulekileyo kwisizwe nekumanye amazwe ngenjongo yokumisela ubumbano loluntu.

Isalathi sesiphumo seKomiti sithungelaniswe neenkonzo kunye neenkqubo zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, elithi lona libe lithungelaniswe neSicwangciso seSicwangcisoqhingha sePhondo (PSP) kunye nooNdoqo abaPhefumlelwe nguMbono (iiVIP), ingakumbi ngokuphathelele kwiVIP 1: uLuntu loKuhlala oluKhuselekileyo nokuBumbeneyo kunye noVIP 3: ukuXhotyiswa koLuntu.

ISicwangciso sikaRhulumente weNtshona Koloni sokuRikharvarisha sigxile kwimisebezi, ukhuseleko kunye nempilontle. Ukhuseleko kunye nempilontle zichaphazeleka kakhulu zona kumsebenzi weKomiti. Ngokuphakanyiswa kwanokuxhotyiswa kweelwimi zeenkobe, iKomiti le ibe negalelo ekuzuzeni kwamathuba aya kubahlali baseNtshona ngenjongo yokubumba ubomi babo kwakunye nobomi babanye, ukuze kube nokuqinisekiswa ubomi obunentsingiselo nobunesidima, obuthi bona bube buza kudala uluntu lokuhlala olubumbeneyo.

3. IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO YEENKQUBO ZELI QUMRHU

3.1 Inkqubo: iKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni

Injongo yeWCLC kukubeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni; kukuhlola ukumiselwa koMgaqonkqubo weeLwimi zeNtshona Koloni kwanokucebisa uMphathiswa othwaliswe uxanduva lwemiba yeelwimi kunye nePanSALB ngemiba elapha okanye echaphazela eli Phondo.

Ngokuthungelaniwe noNdoqo woKhuseleko, iKomiti ibisoloko isebenzisana neSebe leeNkonzo zoLuleko kunye neThala leeNcwadi loMzantsi Afrika ukususela ngo2022 kuKhuphiswano loMmandla iFunda Mzantsi ze oko kwaqhuba nale ndibanisela nango2024. Amalungu eWCLC uGenevieve Lentz, uStevlyn Vermeulen, uMicarulo Malan noLaurian Lesch babe ngabagwebi kulo mcimbi, obubanjwe ngomhla we14 nowe15 kweyeThupha ka2024 kwiNtolongo iPollsmoor. Olu khuphiswano lubanjwa nyaka nanyaka ngenjonygo yokuphakamisa inkcubeko yokufunda neyesakhono seencwadi phakathi kwababanjwa, kuziswe iiKlabhu yeencwadi ezili14, ezimele inani elipheleleyo labanjwa ali140. Abathabathinxaxheba babonakalise izakhono zabo zokufunda, ezokupela kwanezokuxoxa kwiilwimi ezintlanu, ezizezi: isiXhosa, isiZulu, Sesotho, English neAfrikansi. Inkqubo ezifana nezi zinakana indima edlala kukufunda ekululekweni kwamabanjwa kwanokunqanda ukuphindwa kwezenzo zolwaphulomthetho.

IKomiti kunye neDCAS zibhiyozele uSuku lweAfrika kwiRenki yeeTaxi yaseKapa ngomhla wama24 kwekaCanzibe ka2024 ngokuthi kuphakanyiswe iSASL. IKomiti yayikhe yathenga amakhasi okudlala eSASL kwiQumrhu leSizwe labaZizithulu (NID). La makhasi okudlala eSASL ze kwanikezelwa neekopi zealfabhethi yeSASL ze zaphinda zacaciswa kubakhweli kunye nabasebenzi abasebenza erenkini apho. Abathabathinxaxheba babonakalise umdla omandla kulo mxholo bekusabelwana ngawo nabo.

Ukukhumbula iNyanga yoLutsha, uGqr Grootboom uququzelele umhlangano wokwazisa ngeSASL eGroot Brak Rivier, eMossel Bay, ngentsebenziswano neUnited Reformed Church yalapho ngomhla we19 kweyeSilimela ka2024. Iinjongo zale nkqubo yayikukwenza abantu abatsha babe nolwazi ngeSASL, bayeke ukubacalula abantu abasebenzisa olu lwimi ze kudalwe nolwazi olumandla ngeSASL. Iqela eli beliquka abantu abadala kunye nolutsha. Utitshala weSASL weSikolo iCarpe Diem unikezele isikhokelo kulo mhlangano woqeqesho. Kuthe kwanikezelwa nangamakhasi okudlala eSASL abefumaneke ngesisa kwiKomiti kunye neekopi zealfabhethi yeSASL ze acaciswa kubathabathinxaxheba.

IKomiti isebenzisene neZiko leeLwimi eziNinzi kunye noPhando ngeYantlukwano ekwiYunivesithi yaseNtshona Koloni ekusindleleni ingqungquthela engeKaaps ngomhla we15 nowe16 kweyeThupha ka2024. Le nkqubo ibandakanye izithethi ezilishumi elinesine ze kwashukuxwa imiba esusela kwezingeelwimi nje ngokubanzi ukuya kwiinkalo zenkcubeko zeKaaps. ULaurian Lesch kunye noStevlyn Vermeulen bayizimasile le ngqungquthela.

Ngomhla wama24 kweyoMsintsi ka2024, uSihlalo weWCLC uGenevieve Lentz uzimase umsitho obusindlekwe yiDCAS kunye neNdlu yeSizwe samaCochoqua Khoisan ngenjongo yokubhiyozele uSuku lweLifa leMveli. Umsitho lo ubhiyozele phantsi komxholo othi "Ukubuyiswa koBuntu". Kuye kwanikezelwa kubazimasi iincwadana ezisihloko sithi Zifundise isiNama kunye namacwecwe eUSB.

UZukile Jama uzimase uqeqesho kwikhosi yeSASL eyenzelwe amalungu eentsapho azizithulu ukususela ngomhla we16 ukuya kowama20 kweyoMsintsi ka2024. Ikhosi le ibiqulunqwe ngentsebenziswano neDCAS, iPanSALB kunye neAI Waagah Institute for the Deaf. Kwisithuba sezi ntsuku zintlanu zoqeqesho, abazimasi baqukumbele ipotifoliyo yobungqina ngokweemvavanyo zohlolo lwefomethivu nolwesamethivu ebibandakanya umsebenzi waseklasini nowasendlini. Abathabathinxaxheba banikwe iziphumo emva kovavanyo ngalunye. Emva kokuqunjelwa kwale khosi, abathabathinxaxheba banikwe izetifikethi zokuthabatha inxaxheba.

IKomiti ibhiyozele uSuku loLwimi lweeNkobe lwaMazwe ngaMzawe ngomhla wama22 kweyoMdumba ka2025 ngokuthi ihlinzeke uKhuphiswano lokuPela labafundi beBanga 4. Amanye amahlakani abeyinxalenye yeli phulo ibe yiDCAS, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED), iOfisi yePanSALB yePhondo leNtshona Koloni, iCape Peninsula University of Technology (CPUT), iiMyuziyam zoMzantsi Afrika Iziko, iThala leeNcwadi leSizwe soMzantsi Afrika kunye neYunivesithi yaseKapa. Umsitho lo ubuzinyaswe ngabafundi kunye nabahloli abasuka kwintlaninge yezikolo zamabanga aphantsi ezikwiNtshona Koloni. Umxholo walo msitho ubusithi "uLwimi ludlala indima ebalulekileyo kwimfundo nakuphuhliso oluzinzileyo, usebenza njengamaqonga onxibelelwano aphambili okusasazwa kolwazi kunye nolondolozo lwenkcubeko".

Kulo nyaka siwushukuxayo, iKomiti iqhubile nendibanisela yayo yentsebenziswano neDCAS kwinkqubo yokuguqulelwa kwentlaninge yeencwadi zemigaqo yemidlalo esiXhoseni ngenjongo yokwandisa ukufikeleleka kwazo kwakunye nokuze kuthotyelwe le mithetho. Ukuza kuthi ga ngoku, iDCAS sele iguqulele ze yaphelelele incwadi zemigaqo yomdlalo wechess, eyeqakamba, eyamanqindi, eyentenetya yasetafileni neyokuqhutywa kweebhayisekile. Uphuhliso lweencwadi zemigaqo eziguqulelweyo luqinisekisa ukuphakanyiswa kokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwimeko yezemidlalo.

Ngo2024/25, iDCAS iguqulele incwadana yemigaqo yomdlalo wentenetya yasetafileni. Ukuguqulelwa kweencwadi zemigaqo kwakukhokekwa liCandelo leeNkonzo zeLwimi leDCAS ze kwaphunyezwa yile Komiti, iPanSALB kunye namanye amahlakani aziingcali kuphuhliso lwesigama ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ezi nguqulelo zazithungelana yaye zigqibelele.

Ngomhla wama28 kweyoKwindla ka2025, amalungu eKomiti uGenevieve Lentz noZukile Jama bazimase uMsitho woKhuphiswano lokuqala loNcwadi lwesiXhosa obusindlekwe liPhulo leMfundo engeLwimi eZahlukeneyo (MEP) leYunivesithi yaseKapa, elizinikele ekuphakamiseni uncwadi kunye nokubhiyozela ilifa lemveli yenkcubeko etyebileyo kulwimi isiXhosa.

Kwithemu yesibini, iKomiti imiselwe ikomitana ukuze ivavanye ukumiselwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni ngamasebe kaRhulumente weNtshona Kolohi. Eli phulo lithe lagxila nasekufuneni ukufumana nayiphi na imingeni athe ajamelana nayo amasebe ekumiseni lo Mgaqonkqubo kwanasekufumaniseni ukuba ngawaphi na amacebo abecetyiwe, ukuba akho, okumisela ngokugqibeleleyo lo Mgaqonkqubo. Amalungu ale komitana abe nguLaurian Lesch, uStevlyn Vermeulen, uZukile Jama kunye noMicarlo Malan. Ingxelo yale komitana iya kuthiwa thaca ze iqwalasele yiKomiti entsha kumhlangano wayo wokuqala ze emva koko kwabelwane ngayo le ngxelo namasebe achaphazelekayo.

3.2 Iziphumo, iiMveliso, izalathisi zeemveliso, iithagethi kunye neyona nzuzo

Isiphumo	Imveliso	Isalathi semveliso	Eyona ntsebenzo iphicothiweyo ku-	Eyona ntsebenzo iphicothiweyo ku-	Ithagethi ecwangciselwe unyaka ku-	Eyona nzuzo	Ukutenxa kwithagethi ecwangcisiweyo ukuya kweyona nzuzo ku-	Izizathu zokutenxa
			2022/23	2023/24	2024/25	2024/25	2024/25	
Ngabemi abaxhotyisiweyo kunye noluntu lokuhlala olubandakanyekayo nolubumbeneyo	Iisaveyi zomiselo lomgaqonkqubo weelwimi okanye amaxwebhu anemibuzo okanye amaphulo okwazisa okanye amaphulo okulandelela aqoshelisiweyo	Inani leentshukumo eziphakamisa ukumiselwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni	2	3	1	2	+1	Ngenxa yentsebenziswano neminye imibutho kwathi kwavela elinye iphulo.
Ngabemi abaxhotyisiweyo kunye noluntu lokuhlala olubandakanyekayo nolubumbeneyo	Amaphulo okuphakanyiswa kwezinga leelwimi zeenkobe aqoshelisiweyo	Inani lamaphulo aphakamisa izinga leelwimi zeenkobe	3	3	1	4	+3	Ngenxa yentsebenziswano neminye imibutho kwathi kwavela elinye iphulo.
Ngabemi abaxhotyisiweyo kunye noluntu lokuhlala olubandakanyekayo nolubumbeneyo	Imihlangano esesikweni ngenjongo yokumiselwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni	Inani lemihlango esesikweni eyenzelwe injongo yokumisela uMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni	6	6	6	6	-	

Ukuthungelaniswa kwentsebenzo nezabelomali

I-WCLC ithungelanise isabelomali sayo neenkalo zentsebenzo yayo engundoqo njengoko kumiselwa kwiSicwangciso seNtsebenzo yayo yoNyaka kulo nyakamali siwushukuxayo.

Inkqubo/ intshukumo/	2024/25			2023/24		
	Isabelomali	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eNgentla)/ eNganeno	Isabelomali	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eNgentla)/ eNganeno
	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000
Imveliso neenkono	361	350	11*	321	309	12
Inkcitho iyonke	361	350	11	321	309	12

*IQumrhu eli lisebenzisene neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neminye imibutho kumaphulo eelwimi akhokelele ekongeni kulo nyaka siwushukuxayo.

Isicwangcisoqhingha sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho mgangathweni

Zonke iithagethi ezicwangcisiweyo njengoko ziveziwe kwiSicwangciso seNtsebenzo yoNyaka ka2024/25 zizuzekile.

4. UKUQOKELELWA KWENGENISO

Umthombo weNgeniso	2024/25			2023/24		
	Ingqikelelo	Esona Sixa	Ingqokelela eNgentla/ eNganeno	Ingqikelelo	Esona Sixa	Ingqokelela eNgentla/ eNganeno
	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000	R`000
Yintlawulo	313	313	0	303	303	0
Yingeniso yeNzala	48	41	7*	18	42	(24)
Itotali	361	354	7	321	345	(24)

* Ukuqokelelwa kwenganeno kungesizathu ubukhulu becala bokwehla nokwenyuka kwezinga lenzala.

5. UTYALOMALI

Alukho.

ISIGABA C: EZINGOLAWULO

1. INTSHAYELELO

Ulawulo, ulawulo lomngcipheko kunye nothotyelo ziintsika ezintathu ezisebenza kunye kwinjongo yokuqinisekisa ukuba eli Qumrhu liyazifezekisa iinjongo zalo. Ukuthotyelwa kwemigaqonkqubo nemigaqo, imithetho nemimiselo yeli Qumrhu ekhokelela kulawulo olusemgangathweni noluluqilima kuthatyathwa njengondoqo ekuphumeleleni kweli Qumrhu. Le ngxelo inika isimo solawulo olumiselwe kweli Qumrhu.

2. IIKOMITI ZEPALAMENTE

IKomiti eMiyo eJongene nesiPolisa, uKhuseleko loLuntu loKuhlala, iMiba yeNkcubeko neMidlalo kwakunye neKomiti eMiyo eJongene neeAkhawunti zoMbuso (iSCOPA) zinoxanduva lokujongana nomebenzi wale Komiti. Le mihlangano yokuchphela ihleli ku2024/25:

IKomiti eMiyo eJongene nesiPolisa, uKhuseleko loLuntu loKuhlala kunye neMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	
Umhla womhlangano	Umba onikwa ingqwalasela
21 kweyeThupha ku2024	Ngumhlangano wokuqala kwakunye nokunikezelwa kwengxelo eshwankathelweyo yeSicwangciso seNtsebenzo yoNyaka ka2024/25
25 kweyeDwarha ku2024	Kukubonisana ngeNgxelo zoNyaka zika2023/24 zeDCAS kunye nezamaqumrhu ayo amathathu
28 kweyeNkanga ku2024	Kukubonisana ngeVoti 13: eyiMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiBhili yoKunikezelwa kweZabelo yeNtshona Koloni, [B2-2024]
20 kweyoKwindla ku2025	Kukunikezela ingxelo ngeBhili engeenkonzo zamaThala eeNcwadi eNtshona Koloni [B1-2025]
	Deliberation on Vote 13: Cultural Affairs and Sport in the Western Cape Appropriation Bill, [B2-2025]

IKomiti eMiyo eJongene neeAkhawunti zoMbuso (SCOPA)	
Umhla womhlangano	Umba onikwa ingqwalasela
25 kweyeDwarha ku2024	Kukubonisana ngeNgxelo yoNyaka ka2023/24 yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nezamaQumrhu alo, ayiKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni, iKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunye neHeritage Western Cape.

Izindululo zeSCOPA

Kupapashwe iSindululo esinye seli Qumrhu, esisesokuba iSebe eli liqulunqe ze limisele icebo lokuhlola nokuvavanya eliza kunqanda zonke izehlo zemingcipheko eziseza kwenzeka.

3. USOMAQHUZU

USomaqhuza uwenzile umsebenzi wakhe okukubeka iliso ngokuthi ahlole iinkcukacha ezichaphazela imali nezingenanto yakwenza nemali kwisithuba sexesha esilishukuxayo. Ezi ngxelo zilandelayo zingeniselwe iinjongo zohlolo:

INGxelo yeNtsebenzo yeKota	31 kweyeKhala ka2024; 31 kweyeDwarha ka2024; 31 kweyoMqungu ka2025; 30 kwekaTshazimpuzi ka2025
INGxelo yoHlolo lwaPhakathi eNyakeni	31 kweyeKhala ka2024; 31 kweyeDwarha ka2024; 31 kweyoMqungu ka2025; 30 kwekaTshazimpuzi ka2025

4. IKOMITI YEELWIMI ZENTSHONA KOLONI

4.1 Intshayelelo

I-WCLC imiselwe ngokwemigaqo yomthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka1998.

4.2 Indima yeWCLC

UMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka1998, umisela ukuba iWCLC kufuneka, phakathi kwezinye izinto:

- ijongane nokusetyeniswa kwesiBhulu, isiNgesi kunye nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni;
- yenze izindululo kuMphathiswa wePhondo kwanakwiPalamente yePhondo ngemithetho esacetywayo okanye ekhoyo, intsebenzo kwakunye nemigaqonkqubo echaphazela ngqo okanye ngokuthanga ngqo nolwimi kwiNtshona Koloni;
- iphakamise ngokukodwa umgaqo wokusetyenziswa kwentlalinge yeelwimi;
- iphakamise ngokukodwa uphuhliso lweelwimi zeenkobe ezazisa kusingelwa phantsi;
- icebise uMphathiswa wePhondo kunye neKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngemiba ephathelele kulwimi kweli Phondo; ze
- icebise iPanSALB ngemiba yolwimi kwiNtshona Koloni.

4.3 Itshata yeKomiti

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ayinayo itshata eyeyayo ngokusesikweni kodwa ifumana isikhokelo kumthetho iWestern Cape Provincial Languages Act.

Ubulungu kule Komiti ukususela ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2024 ukuya kutini ga kowama31 kweyoKwindla ka2025

Igama	Isikhundla (ngokwesimo seli Qumrhu likaRhulumente)	Umhla wokuqashwa	Umhla wokurhoxa	Izidanga	Inkalo yobungcali	UbuLawuli kwiibhodi (Dwelisa amaqumrhu)	Ezinye iikomiti okanye amaqela entsebenzo (umz. iKomiti yoPhicotho/iQela elisebenzayo likaMphathiswa)	Inani lemihla-ngano ezinyasi-weyo
NguGregory Allen Grootboom	USEkela Sihlalo (Ngokwangomhla we10 kweyoMdumba ka2022)	1 kweyo-Mdumba ka2022	Awukho	YiBA (kwiAfrikaans nePsychology); iHED; iB Ed (kwiPsych), iMed (Psych); nePhD kwiEducational Psychology	Yimfundo kwiilwimi; ebekhe waaba lilungu leKomiti yasePalamente yezoBugcisa neNkcubeko	Abukho	Azikho	6
NguZukile Jama	Lilungu	1 kweyo-Mdumba ka2022	Awukho	YiBA (kwezeMbali, isiNgesi nesiXhosa); iIBA Honours (kwiilwimi zeSintu); kunye neMA kwiilwimi zeSintu (kugxilwe kwisiXhosa)	Ungumqeqeshi kwiilwimi; ezoGuqulelo nokuhlela amaxwebhu anobuzaza/omthetho esiZulu, isiXhosa; neKiswahili	Abukho	Azikho	3
NguGenevieve Suzann Lentz	USihlalo (Ngokwangomhla we10 kweyoMdumba ka2022)	1 kweyo-Mdumba ka2022	Awukho	YiBA kwiilwimi nezoNxibelelwano; iBA Hons (kwisiNgesi); iSatifiketi sasemva kwesidanga sokuqala kwezeMfundo iB-Tech kwezoBudlelane noLuntu; kunye neMED	Yimfundi kwiilwimi; kukucwangcisa, ukuququzelela kwanokumisela inkqubo efanelekileyo yokufundiswa kolwomi kwimeko yokufundela	Abukho	Azikho	5
NguLaurian Lesch	Lilungu	1 kweyo-Mdumba ka2022	Awukho	YiBA kwiilwimi neNkcubeko; BA (iHons) kwiilwimi zeSintu; kunye neMastazi kwiilwimi zeSintu; nePhD kwiLinguistics	Kukucwangcisa ulwimi nomgaqonkqubo; ukufundwa kolwimi lwesibini; ukuhlela nokuqulunqwa kwezichazimagama	Abukho	Azikho	6
NguSisipho Makambi	Lilungu	1 kweye-Thupha ka2022	27 kweyo-Mnga ka2024	YiBachelor of Social Science; iBA (iHons) kwiilwimi zeSintu	Ukuphuhliswa kweelwimi ezazisa kubekelwa bucala	Abukho	Azikho	0
NguMicarlo Malan	Lilungu	1 kweyo-Mdumba ka2022	Awukho	Yikhosi yoMthetho wezeNgqesho oSebenzayo; iDiploma kwiOffice Administration; neBachelor of Laws.	Ukuphuhliswa kweelwimi ezazisa kubekelwa bucala	Abukho	Azikho	5

Igama	Isikhundla (ngokwesimo seli Qumrhu iikaRhulumente)	Umhla wokuqashwa	Umhla wokurhoxa	Izidanga	Inkalo yobungcali	Ubulawuli kwiibhodi (Dwelisa amaqumrhu)	Ezinye iikomiti okanye amaqela entsebenzo (umz. iKomiti yoPhicotho/ iGela eliSebenzayo IikaMphathiswa)	Inani lemihla- ngano ezinyasi- weyo
NguStevlyn Vermeulen	Lilungu	1 kweyo- Mdumba ka2022	Awukho	YIBA kwiilwimi neNkcubeko; kunye nekhusi emfutshane yasemva kwesidango sokuqala kwimethodoloji yokuhlela	Uphuhliso lweelwimi; ukanguMhleli	Abukho	Azikho	6
NguEsau Willemse	Lilungu	1 kweyo- Mdumba ka2022	Awukho	IDiploma kwezeNkolo; iHonours kwezeNkolo; iMastazi kwezeNkolo; kunye neDoctor of Philosophy	UnguMbhali ngesiNgesi nangeAfrikaans	Abukho	Azikho	6

Ukuhlawulwa kwaMalungu eKomiti

lipakheji zenzuzo yentlawulo kumagosa akwiiofisi zamaqumrhu athile amiselwe ngokwemithetho kwakunye namanye aqumrhu zimiselwa nguMphathiswa weMali ze zichazwe kwiSetyhula yeSebe leMali lePhondo. Umyinge onikwa uSihlalo ungamaR475.00 ngeyure, ibe ngamaR321.00 ngeyure kuSekela Sihlalo ze amalungu wona afumane amaR272.00 ngeyure.

Ifani	I-inishiyali	Intlawulo R`000	Ezinye izionelelo R`000*	Itotali R`000
NguGrootboom	G (onguSekela Sihlalo)	4	18**	22
NguJama	Z	2	1	3
NguLentz	G (onguSihlalo)	15	1	16
NguLesch	L	12	1	13
NguVermeulen	S	12	2	14
NguWillemse	E	4	4	8
Itotali		49	27	76

* Ezinye izibonelelo ziquka uthutho kunye nendawo yokulala, xa sikho isidingo.

** Ilungu eli lihlala eKleinbrak yaye ke belinalo ilungelo lokufaka ibango leekhilomitha eziqhutyiweyo ukuya nokusuka emhlanganweni.

5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

IKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni ithabatha inxaxheba kwiKomiti engoLawulo loMngcipheko kuShishino kunye neNdelela yoKuziphatha (ERMECO) yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngenjongo yokuncedisa iGosa eLongameleyo ekwenzeni uxanduva lwayo ngokuphathelele kulawulo lomngcipheko.

UMgaqonkqubo kunye neSicwangcisoqhingha soLawulo loMngcipheko kuShishino

Eli Qumrhu lamkele uMgaqonkqubo woLawulo loMngcipheko kuShishino ngomhla we12 kwekaTshazimpuzi ka2021 koonyakamali u2021/22 - 2024/25. Lo mgaqonkqubo uvakalisa ingqiqobulumko yaye ivakalisa, kwinqanaba eliphezulu, iindima noxanduva lwabadlali bendima abohlukeneyo. Unikezela isiseko senkqubo yolawulo lomngcipheko encediswa ziinkcukacha ezikwesi sicwangcisoqhingha.

ISicwangcisoqhingha soLawulo loMngcipheko kuShishino (ERM) kwakunye nesicwangciso somiselo zidandalazisa ukuba eli Qumrhu liya kuqhuba njani nokumisela uMgaqonkqubo weERM owamkelwe liGosa eLongameleyo. Esi sicwangcisoqhingha sisekelwe nguMgaqonkqubo kunye neSicwangcisoqhingha sePhondo soLawulo loMngcipheko kuShishino (PERMPS), ingakumbi ngokuphathelele kumanqanaba omdla, ndawonye nangokwesimo sayo soMgaqonkqubo weERM kunye nesomngcipheko.

Uxanduva lwe-ERMECO

I-ERMECO inikezela ingxelo ethi iluthobele uxanduva lwayo olususela kwiCandelo 51 (1)(a)(i) lePublic Finance Management Act, uMmiselo weSebe leMali 3.2.1 kunye neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente ka2016, iSahluko 2, kwiSigaba 1, 2 no3. I-ERMECO ikwathi yamkele iMiqathango yeZalathiso efanelekileyo nesesikweni (ephunyezwe ngusihlalo weERMECO ngomhla wama24 kwekaCanzibe ka2022) ze yamisela imiba yayo ngokuthobela iMiqathango yeZalathiso yaye iyenze yonke imisebenzi yayo njengoko kumiselwe kuyo.

Amalungu e-ERMECO

I-ERMECO yenziwe yiAO kunye namalungu akhethiweyo eqela labawuli beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaye ichotshelwe liGosa eLongameleyo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Umlawuli: kwicandelo leeNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko neLwimi umele eli qumrhu kwiERMECO yeSebe. NgokweMiqathango yayo yeZalathiso iERMECO ihlangene kane (kwimihlangano yokubeka iliso neyokunikezelwa kweengxelo) kulo nyaka siwushukuxayo. Uninzi lwemihlangano ibizinyaswe ngawo onke amalungu okanye abameli babo.

Le theybhile ingezantsi apha idiza iinkcukacha eziphathelele kumalungu eERMECO:

Amalungu	Isikhundla	Abazimasileyo
NguMnu G Redman	IGosa eLongameleyo (uSihlalo)	4
NguGqr C van Wyk	Umlawuli oyiNtloko: kwiMiba yeNkcubeko	4
NguGqr L Bouah	Umlawuli oyiNtloko: kwezeMidlalo nezoLonwabo	4
NguNksz B Rutgers	Umlawuli: kwezingoLawulo lweMali (CFO)	4
NguMnu S Julie	Umlawuli: kwezeSicwangcisoqhinga seNkxaso yoLawulo lweNtsebenzo	4
NguGqr M Janse van Rensburg	Umlawuli: kuMaziko oLondolozo lweMbali, iLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo	4
NguMnu T Mchunu	Umlawuli: kwiiNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko neeLwimi	2
NguNksz C Sani	Umlawuli: weNkonzo yamaThala eeNcwadi	4
NguNksz N Dingayo	Umlawuli: weNkonzo yooVimba kwiPhondo	4
NguMnu T Tutu	Umlawuli: ekuPhakanyisweni kwezeMidlalo	4
NguNksz D Manuel	Umlawuli: kuPhuhliso lwezeMidlalo	4
NguMnu D Esau	USekela Mlawuli: woLawulo lwezaNgaphakathi (iNtshatsheli yeMingcipheko)	3
NguMnu D Flandorp	USekela Mlawuli: ICandelo lezoBudlelane boShishino (iGosa lezoKuziphatha)	3

*Belisoloko limelwa icandelo eli xa amalungu ebengenakho ukuzimasa umhlangano.

Oku kulandelayo sisalathiso samanye amagosa athe azimasa imihlangano ye-ERMECO kulo nyaka siwushukuxayo:

Igama	Isikhundla	Abazimasileyo
NguNksz L Africa	USosiba weERMECO	4
NguNksz G Abdullatief	Umlawuli osaBambeleyo: kwiiNkonzo zezoBugcisa, iiLwimi neNkcubeko	2
NguMnu L Jara	woLawulo lwezaNgaphakathi	1
NguNksz A Haq	Umlawuli: kwezoLawulo loMngcipheko kuShishino, eDoTP	3
NguNksz C Cochrane	UMcebisi oyiNtloko ngezoMngcipheko, eDoTP	3
NguNksz C Cochrane	UMcebisi oyiNtloko ngezoMngcipheko, eDoTP	1
NguMnu D Micketts	UMcebisi oyiNtloko ngezoMngcipheko, eDoTP	3
NguNksz J Reed	UMcebisi oyiNtloko ngezoMngcipheko, eDoTP	3
NguMnu E Peters	UMcebisi oyiNtloko ngezoMngcipheko, eDoTP	1
NguMnu K Abelse	kwezoLawulo loMngcipheko kuShishino, eDoTP	2
NguNksz V Simpson-Murray	Umlawuli: kwezoPhicotho lwaNgaphakathi, eDoTP	4
NguMnu P De Villiers	USekela Mlawuli: woPhicotho lwaNgaphakathi, eDoTP	4
NguNksz L Kotze	USekela Mlawuli: woPhicotho lwaNgaphakathi, eDoTP	1
NguNksz B Cebukhulu	USekela Mlawuli: weNkonzo zoPhandonzulu kwiPhondo, eDoTP	4
NguNksz L Abrahams	USekela Mlawuli: weNkonzo zoPhandonzulu kwiPhondo, eDoTP	1
NguNksz N Nongxaza	USekela Mlawuli: weNkonzo zoPhandonzulu kwiPhondo, eDoTP	1
NguNksz A Snyder	USekela Mlawuli: weNkonzo zoPhandonzulu kwiPhondo, eDoTP	1
NoMnu W Theunissen	USekela Mlawuli: weNkonzo zoPhandonzulu kwiPhondo, eDoTP	2

Iintshukumo eziphambili ze-ERMECO

I-AO ngusihlalo we-ERMECO ze iSekela Mlawuli: kwicandelo loLawulo lwezaNgaphakathi libe yiNtshasheli yeMingcipheko yesebe. Ekwenzeni umsebenzi wayo, iERMECO yenze ezi ntshukumo zilandelayo kulo nyaka:

- Ihlalutye isindululo seSicwangcisoqhinga se-ERM kunye neSicwangciso soMiselo esenziwe yiKomiti yoPhicotho ze saphunyezwa yiAO neAA;
- Yahlola ze yahlalutya imingcipheko ekumakhabathiso enziwe ngokwamaqela emidla, yahlalutya ze yasebenzisa imidla efanelekileyo yemingcipheko kwakunye namazinga okunyamezela akhokelwa yiPERMPS eyamkelwa liQoqo eliPhezulu laBalawuli bePhondo;
- Yanikezela iNgxelo kwiAO ngazo zonke iinguqu eziphathekayo kwimeko yemingcipheko;
- Yaqinisekisa imingcipheko ejolise kubemi. Oku kubonakalisa iinzame zokujongana nemiba eba echaphazela neba nefuthe elingqale ngqo kummi;
- Yamkele ze yaqwalasela ulwazi ngemingcipheko kwakunye neengxelo ezingeenguqu;
- Yafumanisa imingcipheko evelayo;
- Yahlalutya imingcipheko engaphandle kwamanqanaba okunyamezela ukuze kuthatyathwe iintshukumo/ingqwalasela enye;
- Yahloa ukumiselwa kweSicwangciso soMiselo loKuthintelwa koBuqhophololo noRhwaphilizo;
- Yahlola ukumiselwa koMgaqonkqubo we-ERM, iSicwangcisoqhinga kunye neSicwangciso soMiselo;
- Yavavanya ukusebenza kwezicwangcisoqhinga zokunqanda ngenjongo yokulwisana nemingcipheko ephathekayo, eyendlela yokuziphatha kunye nezolwaphulomthetho loqoqosho;
- Yanikezela ngolwazi ngolawulo lweendlela zokuziphatha kweli sebe.

Imincipheko ephambili eqwalaselweyo ze yasonjululwa kulo nyaka

Umincipheko wokuba “UMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni awumiselwanga ngokugqibeleleyo ngamasebe athile ePhondo” wafunyaniswa emva kokwenziwa kwesaveyi eyenziwa rhoqo kwiminyaka emibini. IKomiti ayinalo ulawulo ekwenziweni komsebenzi womgaqonkqubo weLwimi kumanye amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni.

Kungoku nje iKomiti ijamelene nezibonelelo eziphathekayo nezemali ezingonelanga ukuze ibe nokusiweza ngendlela isigunyaziso sayo seWCLC ngenxa yamacebo okonga yayeke iya kusebenzisana namaqumrhu enza kwalo msebenzi mnye ekuncitshisweni kwemingcipheko, umz. iBhodi yeeLwimi zoZonke zoMzantsi Afrika (PanSALB), ndibamisela leyo iya kukhokelela ekwabelaneni ngobungcali kwanokungaphindaphindwa kwamaphulo ngala maqumrhu.

Ulawulo lwemingcipheko

Iimvavanyo zemingcipheko zenziwa ngenjongo yokufumanisa ukusebenza kwesicwangcisoqhinga solawulo lomngcipheko kwanokufumana imingcipheko emitsha nevelayo ngenxa yeenguqu kwimeko yangaphakathi kunye/okanye yangaphandle. Umincipheko ngamnye kwaboniswa ze kwaxoxwa ngawo kulo nyaka de kwancokolwa ngawo kwimihlangano yekota ye-ERMECO. Abalawuli abaphezulu kwaye kwalindeleka ukuba banikezele ngeengxelo zeembono ngenkqubela ekumiselweni kwezicwangciso zeentshukumo ngenjongo yokunciphisa imingcipheko enokuthi ivele kunye/okanye nefuthe layo xa inokuthi ivele. I-ERMECO ikwabuyisele imingcipheko kweli Qumrhu ekusafuneka ihlalutye nangakumbi ze yandulula izithintelo okanye iintshukumo ezizezinye xa kulawula imingcipheko. Abalawuli bayithathela kubo imingcipheko ze babonisa ngenemiba yemingcipheko ngobambiswano kuthotho lwamaqonga njengenxalenye yenkcubeko yabo ngenjongo yokuminxa imingcipheko ngobambiswano kwanangendlela ecinga ngokutsha. UMgaqonkqubo kunye neSicwangcisoqhinga se-ERM zinikezelwa kuwo onke amagosa rhoqo ngonyaka kubasebenzi abakuwo onke amanqanaba onke ukuze bahlale benolwazi ngeenguqu ezithe zenziwa kwananjengecebo lokumisela ulawulo lomngcipheko. Kwathi kwabanjwa nemihlangano efanelekileyo kwanaleyo yenzelwe zonke iimeko ngenjongo yokwabelana ngamacebo amatsha okuncedisa ekuphuculweni kwamaphinga okulwisana nemingcipheko. Iintshukumo ezidandalaziswe kwisicwangciso somiselo zihlolwa rhoqo ze kunikezelwa iingxelo ngazo ngamaxesho amiselweyo, ngendlela ekwafanayo naleyo zihlolwa ngazo iinkonzo ezidizwe kwiSicwangciso seNtsebenzo yoNyaka, ukuze kube nokufunyaniswa imingcipheko enokuthi ivele kwanokutenxa kwizalathiso kwakunye nokuzuzeka kweziphumo kwanokungathotyelwa kweziguzyazso zemithetho nezemigaqonkqubo.

IKomiti yeQoqo loLuntu kuPhicotho inikezele imbono ezimeleyo ngale nkqubo yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho inikwe iingxelo zekota zenkqubela kwi-ERM kwakunye neerejista zemingcipheko ngenjongo yokudlala indima yayo ezimeleyo ekukubeka iliso.

Imingcipheko ephambili evelayo kulo nyakamali ulandelayo

IQumrhu eli liphinde lavavanya ze lacwengisa iingxelo zemingcipheko ze lafumanisa iinkalo ebezidinga ukuhlaziywa ukuze zibe nokuthungelana nemeko elikuyo ngoku kwakunye nemeko yentsebenzo eguquguqukayo.

Isivaleliso

Kuye kwavela inkqubo emandla kulawulo lwemingcipheko kunyakamali u2024/25. inkqubela enye yenziwe ekumiselweni kolawulo lwemingcipheko kwanokwenyuswa kwenqanaba lamandla okulwisana nemingcipheko kweli Qumrhu likaRhulumente nto leyo ibe negalelo kwintsebenzo yeli Qumrhu likaRhulumente.

Amandla andileyo okulwisana nemingcipheko kweli Qumrhu likaRhulumente aye akhokelela kwizicwangcisoqhinga eziphucukileyo zokusabela kwimingcipheko ethi ivele.

Ukugxila kwe-ERMECO kwiNkqubo yokuZiphatha kweli Qumrhu likaRhulumente kuthungelana kuhle nenkcubeko yolawulo neyokuphatha ebandakanywe kweli Qumrhu likaRhulumente.

6. ICANDELO LOLAWULO LWEZANGAPHAKATHI

Kuluxanduva lweGosa eLongameleyo ukuhlala kuvavanywa ze kuhlolwe inkqubo zolawulo lwezangaphakathi ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iintshukumo zolawulo zikho yaye zizezisebenzayo, ezisemgangathweni, ezivulelekile yaye ziyaphuculwa sakuvela isidingo. Ukuze kube nokuzuzeka oku, kubanjwa imihlangano yekota noMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA), aBaphathi beeNkqubo, kunye noMphathiswa (MEC) ukuze kuboniswane ngeSicwangciso soPhuculo loLawulo. Le ke yinkqubo ehlala iqhuba ngenjongo yokuqinisekisa ukuba eli Qumrhu lisebenza kwinqanaba elihle kangangoko kukwazekayo ngokuthi kuphuculwe imeko yolawulo ngelixa kugcinwa isimo salo sezimvo zophicotho ezingenamakhwiniba.

ISebe liqulunqe iSicwangciso seSicwangcisoqhinga soLawulo lwezaNgaphakathi, esamkelwayo leli Qumrhu, nesidandalazisa isicwangciso esikwinqanaba eliphezulu sokumiselwa kolawulo lwezangaphakathi phakathi kwemisebenzi yalo ephambili.

7. UPHICOTHO LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHO

7.1 UMsebenzi woPhicotho laNgaphakathi (IAF)

- **Injongo neSigunyaziso:** I-IAF yenza luqilima isakhono seWCG sokudala, ukukhusela kwanokuzinzisa ixabiso ngokuthi inikezela kubawuli ze ekugqibeleni kwiKomiti yoPhicotho ingcebiso ezimeleyo, esekelwe kwimingcipheko kwakunye nengqinisekiso engenamkhethe, ingcebiso, ulwazi olunzulu kunye nengqikelelo.

Isigunyaziso salo sisusela kwiPFMA, kwicandelo 38, xa lifundwa kunye noNTR 3.2.

- **Umbono neSicwangcisoqhinga:** ISicwangcisoqhinga se-IAF sithungelana neSikhokelo seSicwangcisoqhina seSebe leNkulumbuso, esinokushwankathelwa kuthiwe “Khokela, Vuselela, Yalathisa”. Isicwangcisoqhinga seIAF, esithungelaniswe neSicwangcisoqhinga seSebe: iNgqinisekiso kwezoShishino, kwisithuba sayo sokuba seofisini iminyaka emihlanu “Ulawulo olusekelwe kwinkqubo yeenguqu ngengqinisekiseo eqavileyo, ekhawulezileyo necinga ngokutsha kwakunye neenkonzo zeengcebiso eziqikelela izidingo zamasebe axhamlayo kwakunye nexabiso kubahlali”.
- **ITshata, imethodoloji kunye nezicwangciso zophicotho lwangaphakathi:** I-IAF isebenza ngothungelwano netshata, yona kuqala ethungelaniswe nemigomo yemithetho kakunye neSikhokelo saMazwe ngaMazwe seeNkqubo zeNtsebenzo yeeNgcali iIPPF). Itshata le ihlalutywa rhoqo kunyaka wesibini yaye olona hlalutywa lwakutsha nje lwaphunyezwa yiKomiti yoPhicotho ejongene nezolawulo, iiNgcamango eziNtsha kunye neNkcubeko (G, I & C), ngokwemigaqo yesigunyaziso sayo esiphathelele kwimisebenzi exananazisiweyo, ngenyanga yoMnga ka2024. I-IAF inemethodoloji yayo ephunyeziweyo ethungelana netshata nemisela iinkcukacha eziphathelele kuxanduva lweIAF ngokwemigaqo yeTshata yeIAF ndawonye nezinye izikhokelo ezibandakanyekayo.

Isicwangciso esiqengqelekayo sophicotho lwangaphakathi seminyaka emithathuesisekelwe kwisicwangcisoqhinga, kwakunye nesicwangciso sonyaka wokuqala wale mithathu iqengqelekayo yesicwangciso sesicwangcisoqhinga, seSebe leMicimbi yeNkcubeko & neMidlalo zahlalutywa ze zaphunyezwa yiKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ngomhla wethoba kwekaTshazimpuzi ka2024.

- **Ukuzimela nokungabi namkhethe:** Kukumisela ukuzimela kweIAF, iingxelo zayo zabasebenzi eziya kuSomaqhuzu wezoPhicotho (CAE), yena onikezela iingxelo ngokomsebenzi kwiiKomiti ezintathu zeQoqo lezoPhicotho zeWCG, ngqo kwiGosa eLongameleyo kwinkalo yeentshukumo zolawulo lwezangaphakathi eSebeni ze ngokwezolawulo kuDDG: kwiNgqinisekiso kwezoShishino okwiSebe leNkulumbuso. UCAE ukuqinisekisile ukuzimela kweIAF kwisithuba sokuqulunqwa kwale ngxelo kwiKomiti yeQoqo loPhicotho i G, I & C (xa kuqwalaselwe imisebenzi exananazisiweyo) ngomhla wama29 kweyeNkanga ka2024. Bonke abasebenzi bakuqinisekise minyaka le ukingabi namkhethe kwabo ngokuthi bazinikele ekuthotyelweni kweKhowudi yeNkqubo yokuZiphatha yaBahicotho baNgaphakathi kwanakwinqanaba lomsebenzi ngamnye.
- **Uhlobo:** I-IAF yeWCG ngumsebenzi owenziwa ngaphakathi ngokugqibeleleyo.
- **Abasebenzi:** Isimo sabasebenzi esiphunyeziweyo selAF iphelele singabasebenzi abangama81 ze abangama43 kwezi zikhundla zibe zeziphilayo kungoku nje. ISebe ngalinye lineqela elilelalo, yaye akukho zikhewu zingekavingcwa kwiqela elinoxanduva lokujongana neli Sebe. Izakhono kunye nezixhobiso ezikhoyoo kungoku nje kubasebenzi belAF zizezifanelekileyo yaye ikho ke nenkqubo ehlaziyekileyo yoqeqesho.
- **INkqubo yeNgqinisekiso kunye nokuPhuculwa koMgangatho (QAIP):** Ikho iQAIP esebenzayo yaye ukunikezelwa kweengxelo ezingokumiselwa kwayo kwenzeka kwiKomiti yeQoqo leMpilontle iG, I & C, ngokwemigaqo yesigunyaziso esiphathelele kuxanduva oluxananazisiweyo, kabini ngonyaka. Uvavanyo lokugqibella lwangaphandle lwaqosheliswa ngenyanga yeNkanga ka2024 ze kwafumaneka izinga elithi "Ithobela ngokuphangaleleyo". Imiba esusela apha iyalandelelwa yaye iyinxalenye yeengxelo zeQAIP kwiKomiti yeQoqo kuPhicotho iG, I & C.
- **Iindibanisela naMahlakani: Ubudlelane obudle busagcinekile neqela eliphezulu neloosomaqhuzu abalawulayo beSebe, yaye ukuba kukho nayiphi na imingeni, kuyaboniswa ngayo ze kuqulunqwe amacebo okulwisana nayo nommeli wesebe elinoxanduva.** Ekuqhubeni iNgqinisekiso eHlanganyelweyo kwiWCG, iindibanisela zobudlelane ziyagcinwa neCandelo loLawulo lwezaNgaphakathi kweli Sebe kwakunye neqela elichaphazelekayo.
- **Isishwankathelo somsebenzi owenziwe yiIAF kwisithuba sokuqulunqwa kwale ngxelo:**
 - o Isicwangciso esiphunyeziweyo soPhicotho lwaNgaphakathi seli Sebe, esiquka ingqwalasela kwiinkalo zophicotho zeli Qumrhu, sibe neenkalo ezintathu zengqinisekiso yaye aubangaho mihlango yeengcebiso (yiya kwingxelo yeKomiti yoPhicotho ngeenkukacha). Yonke imisebenzi ebicetyiwe ithe yaqunjelwa.
 - o Akubangakho zidluliselwayo, kungabangakho maphulo the bqiqhaphu athe angumqobo kumsebenzi weIAF.

(Nceda uye kuMhlathi 15 ngezantsi apha malunga neenkukacha ezigqibeleleyo eziphathelele kwiKomiti yoPhicotho).

8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO

Iqumrhu eli lineenkqubo, imigaqonkqubo kunye neendlela lizisebenzisayo zokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho nemimisele. Ukuba emva kophando, kuye kuqinisekiswe ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo, umsebenzi othe wathabatha inxaxheba kwezo zenzo uye afakwe kwinkqubo yoluleko. Ummeli weWCG ovula iinkqubo zoluleko kulindeleke ukuba aphakamise ukugxothwa kwalo msebenzi uchaphazelekayo.

Apho kufunyaniswa khona ubungqina obuzicaceliyo bezenzo zolwaphulomthetho, kuye kuvulwe ityala lolwaphulomthetho kwiiNkonzo zesiPolisa kuMzantsi Afrika.

9. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO

Ubuqhophololo norhwaphilizo bubeka iiasethi zeli Qumrhu emngciphekweni omandla yaye zingaba nefuthe elibi kumgangatho wenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kwanakwigama leli Qumrhu.

I-WCG yamkele iSicwangcisoqhinga sokuLwisana noqhophololo noRhwaphilizo esiqinisekisa isimo seli Phondo sokungazinyamezeli izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo. Ngokwemigaqo yesi sicwangcisoqhinga iQumrhu lizinikele ekungazinyamezeli izenzo zorhwaphilizo, ubusela nezobuqhophololo, ngaphakathi okanye ngaphandle, yaye lisebenzisa onke amacebo omthetho akhoyo ukutshutshisa kangangoko anabani ba othi azibandakanye kule mikhuba okanye othi azama ukwenje njalo.

IQumrhu liphumeze iSicwangciso sokuLwisana noBuqhophololo noRhwaphilizo ndawonye neSicwangciso soMiselo esihamba naso esinika amandla iSicwangciso soThintelo.

Lukho uthotho lwamaqonga okunikezela ingxelo ngezityholo zobuqhophololo, ezobusela nezorhwaphilizo yaye la maqonga achazwa kakuhle kwiSicwangcisoqhinga sePhondo sokuLwisana noBuqhophololo noRhwaphilizo, uMgaqonkqubo weNtshona Koloni ojongene nooNtamnani kwakunye neSicwangciso soThintelo loBuqhophololo noRhwaphilizo seSebe. Isityholo ngasinye esifunyenwe liCandelo leeNkonzo zoPhandanzulu kwiPhondo (PFS) sirekhodwa kwiNkqubo yoLaulo lwaMatyala esetyenziswa njengesixhobo sokunikezelwa kweengxelo ezingenkqubela eyenziweyo kumatyala achaphazela eli Sebe kwanokukhutsha kweenkcukachamanani ezingeWCG kunye neli Qumrhu.

Abaqeshwa nabasebenzi abathi bantame ngezikrokro zobuqhophololo, urhwaphilizo nobusela bakhuselekile ukuba ukuntama oko kukokukhuselekileyo (oko ke kukuthi, kuyamelana nemimiselo yomthetho iProtected Disclosures Act, enguNombolo 26 ka2000 umz. Ukuntama oko kwenziwe ngentliziyo entle). UMgaqonkqubo weWCG wokuNtama unikezela ngeikhokelo kubaqeshwa nabasebenzi ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo nabaphathi, abantu abathile abamiselwe yiWCG okanye ngamaqumrhu angaphandle, apho banezizathu ezibambekayo zokukhokelwa ekubeni zikho izenzo ezigwenxa okanye imikhuba eyenziweyo kwiWCG. Ithuba lokuhlala ungaziwa linikezelwa nakubani na othi ongathanda ukunikezela ingxelo ngezenzo zobuqhophololo, ezobusela nezorhwaphilizo, xa zithi zivele ngokwakhe, iinkcukacha zakhe zigcinwa ziyimfihlo ngumntu ayinikezela kuye le ngxelo.

Ukuba, emva kophando, kuye kuqinisekiswa ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo, umsebenzi ozibandakanye kwezo zenzo uye afakwe kwinkqubo yoluleko. Ummeli weWCG ovula iinkqubo zoluleko kulindeleke ukuba enze isindululo sokugxothwa komsebenzi ochaphazelekayo. Apho kufumaniseka khona ubungqina obuzicaceleyo bezenzo zolwaphulomthetho, kuye kuvulwe ityala lolwaphulomthetho kwiiNkonzo zesiPolisa zoMzantsi Afrika.

10. UKUNCITSHISWA KONGQUZULWANO LWEZIDINGO

Kukuqinisekisa ukuba akukho lungquzulwano lwezidingo kwinkalo ngokwaMalungu eKomiti, onke amalungu atyikitya ifomu yesinikezelo sezidingo yaye lo usoloko ingumba wayo yonke imihlangano yeKomiti, apho amalungu kufuneka anikele ngalo naluphi na ungquzulwano. Ukuba kuthi kuvela ungquzulwano kwilungu, kulindeleke ukuba azikhwebule kule nkqubo.

11. IKHOWUDI YENDLELA YOKUZIPHATHA

Amalungu anikwa ikhowudi yendlela yokuziphatha ewakhokela ngokwendlela engumzekelo yokuziphatha.

12. IMIBA YOKHUSELEKO LWEMPILO NEYENDALO ENGQONGILEYO

I-DCAS inika iKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni indawo yeofisi yokusebenzela.

13. USOSIBA WENKAMPANI/WEBHODI (UKUBA UKHO)

Akakho.

14. UXADUVA KULUNTU

Akakho.

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHU

Isigaba 1: Izindululo zeKomiti yoPhicotho

- **Injongo neSigunyaziso:** IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho imiselwe njengekomiti yomthetho yeSebe leMicibi yeNkcubeko neMidlalo ngenjongo yokufezekisa imisebenzi emiselwe yimithetho ngokwemigaqo yecandelo 77 lePFMA, uMmiselo 3.1 weNTR kwakunye nemisebenzi eyinikwe ngokweMiqathango yeSalathiso. IMiqathango yeZalathiso yakutsha nje yeeKomiti zoPhicotho zeWCG kwaboniswa ngayo naBalawuli bePhondo abaPhezulu ze yaphunyezwa yiKhabhinethi yePhondo ngomhla we19 kweyoMdumba ka2025.
- **Ukuzimela:** IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho izimele ngokugqibeleleyo kwiSebe kunye namaqumrhu kaRhulumente amathathu (3). Naluphi na ungquzulwano lwezidingo olurhanelekayo luyadandalaziswa ze kujongwane nalo ngokufanelekileyo kumhlango ngamnye. Inkqubo yokudandalazisa yonyaka iyonke ikwaqhutywa apho lonke ungquzulwano okanye lobukho bongquzulwano lulandelelwa nelo lungu lichaphazelekayo.
- **Ukukhuselwa kokuZimela kwelAF:** USihlalo weKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho uwuzimasile umhlango weKomiti yeQoqo loPhicotho iG, I & C apho enze imisebenzi yakhe exananazisiweyo. Ngomhla wama29 kweyeNkanga ka2024, ngethuba lalo mhlango weKomiti yeQoqo loPhicotho iG, I & C kuhlalutywe isimo seli qumrhu ngokweIAF kwakunye nesinikezelo sokuzimela kweCAE. Bekunganyanzelekanga ukuba ingenelele iKomiti yeMpilontle kuPhicotho kuyo nayiphi na imeko enefuthe ekuzimeleni kwelAF kwisithuba sethuba lokuqulunqwa kwale ngxelo.
- **Intsebenzo ngokuthelekiswa noxanduva ngokwemigaqo yemithetho:** IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ikholisekile ekubeni iyifezekisile imisebenzi yayo njengoko kumiselwe kwiPFMA, kwiMimiselo yeSebe leMali, kwi-IPPF kwanakwiMiqathango yeZalathiso ephunyeziweyo.
- **Ukwenziwa kweKomiti yoPhicotho:** kwisithuba sokuqulunqwa kwale ngxelo iKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ibe namalungu amathandathu (6) ze nendibanisela yezakhono ezifanelekileyo nezidingekayo ukuze yenze imisebenzi yayo. Onke amalungu ebengamalungu angaphandle. Yiya kwitheybhile ukuze iinkcukacha ngamalungu.
- **Ukuzinyaswa kweMihlango:** IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ihlangene kasixhenxe (7) kwisithuba seli xesha silishukuxayo. Yonke imihlango ibiyeqhelekileyo, futhi ke akubangakho mihlango iyeyodwa ithe yadingeka. Yiya kwitheybhile ngeenkukacha ezingokuzinyaswa kwemihlango.
- **Izigqibo sezindululo zeKomiti yoPhicotho:** IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ikholisekile ukuba izindululo zayo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo amathathu karhulumente zifumene ingqaalasela edingekayo.
- **Uvavanyo lwentsebenzo yeKomiti yoPhicotho:** zenziwe iimvavanyo zanyaka nanyaka ezingqukuva ngentsebenzo yekomiti yophicotho. IKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho ifumene ingxeleo equlethe iziphumuo zenkqubo yovavanyo lonyaka ze ngethuba lomhlango wabo bonke oosihlalo beeKomiti zeQoqo loPhicotho, kwavunyelwa ngenkqubo yokujongana nemiba ethe yafunyaniswa.
- **Intlawulo yeKomiti yoPhicotho:** IiKomiti zoPhicotho zeWCG zihlawulwa ngokwezinga eliphunyeziweyo leyure elisekelwe kwizinga leSAICA, iyintlawulo yokuzimasa imihlangano kuphela. Oosihlalo bafumene amaR2 835-00 ngeyure ze amalungu wona afumana amaR2 126-00 ngeyure. Iyonke inkcitho ephathelele kuzo zontathu iiKomiti zoPhicotho zeWCG ibe ziziR3.118m kwisithuba seli xesha silishukuxayo, iinkcukacha zayo zilandaliswe kwiSebe leNkulumbuso. Amalungu eKomiti yoPhicotho asebenzela iqumrhu lombuso awafumenanga mbuyekezo ekubeni ngamalungu eKomiti yoPhicotho yeWCG.

Isigaba 2: Ubulungu nokuZinyaswa kweKomiti yoPhicotho

Le theybhile ingezantsi apha idandalazisa iinkukacha ezichaphazeli amalungu ekomiti yophicotho:

IGama neFani	Izidanga	Ubulungu beKhono	Ixesha lokuba seOfisini		Inani lemihlanbano ezinyasiweyo	Izidingo zabucala nezoshishin ezidanda-lazisiweyo kumhlngano ngamnye	Uqeshwe liqumrhu lombuso	Inani lezinye iikomiti zophicotho ache waliilungu lazo kwisithuba sale ngxelo	Inani la,anye amaqumrhu olawulo eliube lilungu lawo eli lungu kwisithuba sale ngxelo
			Umhla woKugqala	Umhla woKugqibela					
UMnu Pieter Strauss (USihlalo)	YIB Acc IB Comp Hons neCA (SA)	KwiSouth African Institute of Chartered Accountants	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	7	Ewe	Hayi	3	0
UGqr Gilbert Lawrence	YIM Med neMBChB	UnguGqirha obhalisiweyo	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	7	Ewe	Hayi	0	0
UMnu Terence Arendse	YICA (SA)	KwiSouth African Society of Chartered Accountants nakwiCape Society of Chartered Accountants	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	7	Ewe	Hayi	2	0
UNksz Annelise Cilliers	YICA (SA)	KwiSouth African Institute of Chartered Accountants	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	7	Ewe	Hayi	2	1
UNksz Fayruz Mohamed	YICA (SA)	KwiSouth African Institute of Chartered Accountants Institute of Directors neChartered Institute for Securities and Investments	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	6	Ewe	Hayi	3	1
UNksz Judy Gunther	YIB Compt IM Cost Accounting iCIA; neCRMA	KwiInstitute of Internal Auditors nakwiSouth African Institute of Chartered Accountants	1 kweyo-Mqungu ka2022	31 kweyo-Kwindla ka2025	6	Ewe	Hayi	2	2

Isigaba 3: linkalo zoKugxila kweKomiti yoPhicotho

- Ukusebenza kwenkqubo yolawulo lwezangaphakathi kwakunye neNgqinisekiso eHlanganyelweyo**

Iqumrhu eli kulindeleke ukuba liqulunqe ze ligcine iinkqubo zolawulo lwezangaphakathi eziza kuphucula amathuba okuzuzeka kweenjono zalo, ukumelana neenguqu kwimeko elisebenzela kuyo kwanokuphakamisa umgangatho kwanokuba semgangathweni kwemisebenzi, kuxhaseke ukuqulunqwa kweengxelo ezichanekileyo kwanokuthotyelwa kwemithetho nemimiselo. IWCG yamkela iSikhokelo seNgqinisekiso eHlanganyelweyo esifumanisa ze sihlanganyele ababoneleli ngengqinisekiso. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso yingqinisekiso yezolawulol, edinga ukuba abaphathi bagcine inkqubo esebenzayo yolawulo lwezangaphakathi ze basebenzise ezo nkqubo rhoqo ngosuku ngokuthi basoloko bebeka esweni abasebenzi ze bathabathe namanyathelo okulungisa sakuvela isidingo soko. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa ngamacandelo ohlukileyo kubaphathi babasebenzi, iinkqubo, imigaqo, imigangatho kunye nezikhokelo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso ngababoneleli ngengqinisekiso abazimeleyo abakhokelwa yimigaqo yamakhono edinga awona manqanaba aphezulu okuzimela.

Kuthe kwaqulunqwa iSicwangciso seNgqinisekiso eHlanganyelweyo esisekelwe kumngcipheko kusenzela iSebe eli kunye namaqumrhu alo karhulumente amathathu (3), esakhokelwa licandelo loPhicotho lwezaNgaphakathi, elikwangumboneleli wangaphakathi weenkonzongengqinisekiso. ICandelo loPhicotho lwezaNgaphakathi kunye naBalawuli banikezele ingqinisekiso evakalayo yokuba iinkqubo zolawulo lwezangaphakathi zizezaneleyo nezisebenzayo.

Oku ke kuzuzeka ngokwesicwangciso sophicotho lwangaphakathi esiphunyeziweyo nesisekelwe kumngcipheko, icandelo loPhicotho lwaNgaphakathi luvavanya ukwanela kweenkqubo zolawulo ezithintela imingcipheko kwakunye nohlolo lweKomiti yoPhicotho ekumiselweni kweentshukumo zoluleko.
- Ukusebenza kwecandelo loPhicotho lwangaphakathi**

Ikomiti yophicotho ihlole ze yahlalutya ukusebenza komsebenzi wophicotho lwangaphakathi, kuquka nokuthotyelwa kweIPPF. Olo hlolo nohlalutyo lwenziwe ngokweziphumo zeNkqubo yeNgqinisekiso neMpucuko ezinikezelwe kwikomiti yophicotho kabini ngonyaka.
- Iintshukumo zomsebenzi wophicotho lwangaphakathi**

Kulo nyaka siwushukuxayo, akubabangakho misebenzi yiphicotho ithe yenzelwa eli Qumrhu, okanye njengenxalenye yemisebenzi yophicotho lweli Sebe ebiphathelele kweli Qumrhu.
- Ukusebeza kolawulo lomngcipheko**

IAC iluhlolile ulawulo lomngcipheko lweli Qumrhu yaye ikholisekile ukuba ikomiti yophicotho iyifezekisile imisebenzi yayo ngokwesigunyaziso sayo.
- Ukwanela, ukuxhomekekeka kunye nokuchaneka kweenkcukacha zemali nezentsebenzo**

IAC izihlolile iinkcukacha zemali nezentsebenzo zeli Qumrhu yaye ikholisekile ukuba ikomiti yophicotho iyifezekisile imisebenzi yayo ngokwesigunyaziso sayo.
- Iiinkxalabo zogcinozincwadi nezophicotho ezithe zabhaqwa njengomvuka wemisebenzi yophicotho lwangaphakathi nolwangaphandle**

IAC ayibhaqanga zinkxalabo zophicotho ngaphandle kwezo sele zikhankanyiwe kwingxelo yeAGSA kwanakwiiNgxelo zeMali zoNyaka.
- Uvavanyo lweeNgxelo zeMali zoNyaka**

IKomiti yoPhicotho ithe:

 - o Yahlalutya iiNgxelo zeMali zoNyaka eziphicothiweyo eziza kubandakanywa kwiNgxelo yoNyaka.
 - o Yahlalutya iNgxelo yaBalawuli yeAGSA kwakunye nempendulo yabalawuli kuyo; ze
 - o Yahlalutya iinguqu kwimigaqonkqubo yogcinozincwadi kunye neenkqubo njengoko kukhankanyiwe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka.

- **Uphicotho lwangaphandle kunye nengxelo yoMphicothizincwadi Jikelele**

IKomiti yoPhicotho ithe rhoqo ngekota yahlalutya isicwangciso sophicotho seli Qumrhu rhoqo ngekota ikhangela imiba yophicotho ekhankanywe kunyaka odlulileyo. IKomiti yoPhicotho ihlangene neAGSA ngenjongo yokuqinisekisa ukuba akukho miba ingasombululekanga kuphicotho lwemimiselo. Iintshukumo zokulungisa ezijolise ekubeni izimvo ezineenkukacha eziphakanyiswe yiAGSA zifumana ukuhlolwa yiAC rhoqo ngekota.

IAC iyavumelana yaye iyasamkela isiphumo sentsebenzo yeAGSA esiphathelele kwiiNgxelo zeMali zoNyaka yaye iphakamisa ukuba ezi Ngxelo zeMali ziPhicothiweyo zamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo yayo.

- **Nayiphi na eminye imiba**

Ayikho

- **Isivaleliso**

IKomiti yoPhicotho iyalincoma eli qumrhu ngokugcina uluv olophicotho olungenamakhwiniba, nolungenaziphene.



NguGqr G Lawrence
onguSihlalao weKomiti yeQoqo leMpilontle kuPhicotho
Umhla 8 kweyeThupha ka2025

16. IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO YOKUTHOTYELWA KWEB-BBEE

Le theybhile ingezantsi apha iqukunjelwe ngokwemigaqo yemimiselo yokuthotyelwa kweBBBEE ekumthetho iBBBEE Act ka2013 kwananjengoko kumiselwe liSebe loRhwebo, uShishino noKhuphiswano.

Ingaba iSebe/iQumrhu likaRhulumente eli lisebenzise nayiphi iKhowudi echaphazelekayo yoKusebenza ngokukuMgaangathweni (iSatifiketi seB-BBEE kuManqanaba 1 – 8) ngokuphathelele koku kulandelayo:		
Ibakala	Impe-ndulo Ewe / Hayi	Ingxoxo (bandakanya ingxoxo ngempendulo ykho ze walathise ngamanyathelo athetyatelwe injongo yokuthobela)
Kukumiselwa kwamabakala okuxhamla ekukhutshweni kweelayisenisi, iinyoba okanye ugunyaziso kwinkalo yentshukumo yoqoqosho ngokwemigaqo yawo nawuphi na umthetho?	Hayi	Eli Qumrhu alizikhuphi iilayisenisi, iinyoba okanye ezinye izigunyaziso kwinkalo yentshukumo yoqoqosho ngokwemigaqo yawo nawuphi na umthetho.
Kukuqulunqwa nokumiselwa komgaqonkqubo weentengo kumashishini athile?	Ewe	Umgqonkqubo weSCM weli qumrhu uphakamisa ukuba kumiselwe inkubo yeentengo enomkhethe.
Kukumiselwa kwamabakala okuxhamla ekuthengisweni kwamashishini ombuso?	Hayi	Eli Qumrhu alizibandakanyi ekuthengisweni kwamashishini ombuso.
Kukuqulunqwa kwamabakala okungena kwiimbumba zentesebenziswano necandelo labucala?	Hayi	Eli Qumrhu alithabathi nxaxheba kwiintsebenziswano necandelo labucala.
Kukumiselwa kwamabakala okunikezelwa kweenyoba, iinkxasomali kunye neenkqubo zotalomali xhamla ekuxhasweni kweNkqubo yokuXhotyiswa kwabaMnyama ngokoQoqosho?	Hayi	Eli Qumrhu alibandakanyeki ekunikezelweni kweenyoba, iinkxasomali kunye neenkqubo zotalomali ekuxhasweni kweNkqubo yokuXhotyiswa kwabaMnyama ngokoQoqosho.

ISIGABA D: ULAWULO LWEMIBA YABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

Abasebenzi baqashwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

2. IINKCUKACHAMANANI ZEMIBA YEZABASEBENZI

Ezi nkcukachamanani kunikezelwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

ISIGABA E: INGXELO YOKUTHOTYELWA KWEPFMA

1. INKCITHO ENGAGUNYAZISWANGA, ENGENAZINZUZO NEYILAHLEKO KUNYE NELAHLEKO YEZIPHATHEKAYO

1.1. Inkcitho engagunyaziswanga

a) Uthungelwaniso lwenkcitho engagunyaziswanga

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Ibhalansi yokuvula	-	-
Inguqu kwibhalansi yokuvula	-	-
Ibhalansi yokuvula njengoko iphinde yadizwa	-	-
Isongezo: iNkcitho engagunyaziswanga eqinisekisiweyo	-	-
Nganeno: iNkcitho engagunyaziswanga engahoyakelanga	-	-
Nganeno: iNkcitho engagunyaziswanga engahoyakelanga nesusiweyo	-	-
Nganeno: iNkcitho engagunyaziswanga engahoyakelanga ebuyisekayo	-	-
Nganeno: iNkcitho engagunyaziswanga engahoyakelanga engafumanekanga necinyiweyo	-	-
Ibhalansi yokuvala	-	-

lingqwalasela zothungelwaniso

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kovavanyo	-	-
Inkcitho engagunyaziswanga ephathelele kunyaka ongaphambili nefunyaniswe kulo nyaka	-	-
Inkcitho engagunyaziswanga yalo nyaka	-	-
Itotali	-	-

b) linkukacha zenkcitho engagunyaziswanga yalo nyaka sikuwo kunye neyongaphambili (ephantsi kovavanyo, kwesigunyaziso, nephantsi kophando)

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kovavanyo	-	-
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kohlalutyo	-	-
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kophando	-	-
Itotali	-	-

c) linkukacha ezingenkcitho engagunyaziswanga efumene uxolelo

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga efumene uxolelo	-	-
Itotali	-	-

d) linkcukacha ezingencitho engagunyaziswanga esusiweyo - (engaxolelwanga)

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga ENGAXOLELWANGA nengasuswanga	-	-
Itotali	-	-

e) linkcukacha ezingencitho rngagunyaziswanga ebuyisekayo

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga ebuyisekayo	-	-
Itotali	-	-

f) linkcukacha ezingencitho engagunyaziswanga yalo nyaka neyonyaka ongaphambili ecinyiweyo (engabuyisekiyo)

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga ecinyiweyo	-	-
Itotali	-	-

Izidizo ezongezelelekieyo eziphathelele kwiZivumelwano eziphakathi kwaMaqumrhu

g) linkcukacha ezingeemeko zokungathobeli apho iqumrhu libandaanyeka kwisivumelwano namanye amaqumrhu (apho elo qumrhu ingelilo elithe alathobela)

Ingcaciso
Ayikho

h) linkcukakacha zenkcitho engagunyaziswanga apho iqumrhu lubandakanyeka kubudlelane namanye amaqumrhu (apho elo qumrhu *ililo* elinoxanduva lokungathobeli)

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Ayikho		

i) linkcukacha ezingamanyathelo oluleko okanye olwaphulomthetho athe athatyathwa asusela kwinkcitho engagunyaziswanga

Amanyathelo oluleko athatyathiweyo
Ayikho

1.2 Inkcitho engenanzuzo neyilahleko

a) Uthungelwaniso lwenkcutho engenanzuzo neyilahleko

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Ibhalansi yokuvula	-	-
Iinguqu kwibhalansi yokuvula	-	-
Ukumiselwa ngokutsha kwebhalansi yokuvula	-	-
Isongezo: iNkcitho engenanzuzo neyilahleko eqinisekisiweyo	-	-
Nganeno: iNkcitho engenanzuzo neyilahleko ebuyisekayo	-	-
Nganeno: iNkcitho engenanzuzo neyilahleko engbuyisekiyo necinyiweyo	-	-
Ibhalansi yokuvala	-	-

lingqwalasela zothungelwaniso

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ebiphantsi kovavanyo	-	-
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ephathelele kunyaka ongaphambili efunyaniswe kulo sikuwo unyaka	-	-
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko yalo nyaka sikuwo	-	-
Itotali	-	-

b) Iinkcukacha ezingenkitho engenanzuzo neyilahleko (ephantsi kovavanyo, uhlalutyo, nophando)

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko esephantsi kovavanyo	-	-
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko esephantsi kwe determination	-	-
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko esephantsi kophando	-	-
Itotali	-	-

c) Iinkcukacha ezingenkitho engenanzuzo neyilahleko ebuyisekayo

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ebuyisekayo	-	-
Itotali	-	-

d) linkcukacha ezingenkitho engenanzuzo neyilahleko engabuyisekiyo necinyiweyo

Ingcaciso	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ecinyiweyo	-	-
Itotali	-	-

e) linkcukacha ezingamanyathelo oluleko okanye awolwaphulomthetho athatyathiweyo asusela kwinkcitho engenanzuzo neyilahleko

Amanyathelo oluleko athatyathiweyo
Awekho

1.3 Izidizo ezongezelelwetyo eziphathelele kwilahleko yeziphathekayo ngokwemigaqo yePFMA kwiCandelo 55(2)(b)(i) & (iii)

a) linkcukacha ezingelahleko kweziphathekayo zonyaka ongaphambili nezalo nyaka sikuwo ngokolwaphulomthetho

Ilahleko kweziphathekayo ngokwezenzo zolwaphulomthetho	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
Ubusela	-	-
Ukulahleka kwezinye ezilahlekayo	-	-
Nganeno: eziBuyisekayo	-	-
Nganeno: engabuyisekiyo necinyiweyo	-	-
Itotali	-	-

b) linkcukacha ezingenye ilahleko kweziphathekayo

Uhlobo lwenye ilahleko kweziphathekayo	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
<i>(Dwelisa ngokwamakhathiso amakhulu, kodwa udwelise impahla ngokobunye)</i>	-	-
Itotali	-	-

c) Enye ilahleko kweziphathekayo ebuyisekayo

Uhlobo lweelahleko	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
<i>(Dwelisa ngokwamakhathiso amakhulu, kodwa udwelise impahla ngokobunye)</i>	-	-
Itotali	-	-

d) Enye ilahleko kweziphathekayo engabuyisekiyo necinyiweyo

Uhlobo lweelahleko	2024/25	2023/24
	R'000	R'000
<i>(Dwelisa ngokwamakhathiso amakhulu, kodwa udwelise impahla ngokobunye)</i>	-	-
Itotali	-	-

2. UKUHLAWULWA EMVA KWEXESHA KUNYE/OKANYE KWANOKUNGAHLAWULWA KWAMASHISHINI

Ingcaciso	Inani leInvoysi	IXabiso eliHlanganisiweyo
		R'000
li-invoysi ezichanekileyo ezifumanekileyo	22	117
li-invoysi ezihlawulwe kwisithuba seentsuku ezingama30 okanye kwisithuba sexesha ebekuvunyelwene ngalo	22	117
li-invoysi ezihlawulwe emva kweentsuku ezingama30 okanye emva kwesithuba sexesha ebekuvunyelwene ngalo	N/A	-
li-invoysi ezindala kuneentsuku ezingama30 okanye kunesithuba sexesha ebekuvunyelwene ngalo (ezingekahlawulwa futhi ekungekho lungquzulwano ngazo)	N/A	-
li-invoysi ezibudala bungaphaya kweentsuku ezingama30 okanye budlule kwixesha ebekuvunyelwene ngalo (ezingahlawulwanga nezikungquzulwano)	N/A	-

3. ULAWULO LWETYATHANGA LEENTENGO

3.1 lintengo ngezinye iindlela

Ingcaciso ngePhulo	Igama leshishini	Uhlobo lwentengo ngezinye iindlela	Inombolo yesibhambathiso	Ixabiso lesibhambathiso
				R'000
Kukuhlaziywa kweLayisenisi yeCaseWare	YiAdapt IT	Yibhidi evalelekileyo	WCLC_ORD-POA40872	31
Itotali				31

* Eli shishini lilo lodwa elisithengisela isoftware yeCaseware esetyenziselwa ukuqulunqa iiNgxelo zeMali zoNyaka.

3.2 Iyantlukwano kunye nezongezo kwizibhambathiso

Ingcaciso ngephulo	Igama leshishini	Uhlobo lwesongezo kwisibhambathiso (uKwandiswa okanye iYantlukwano)	Inombolo yesibhambathiso	Ixabiso lokuqala lesibhambathiso	Ixabiso lesibhambathiso sangaphambili ngokwandiswa okanye iyantlukwano (ukuba likho)	Ixabiso lesibhambathiso sangoku ngokwandiswa okanye ngokweyantlukwano
				R'000	R'000	R'000
Ayikho						
Itotali				-	-	-

Ingxelo yomphicothizincwadi jikelele kwiPalamente yeNtshona Koloni ngeKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Ingxelo engeengxelo zemali

1. Ndizihlalutyile iingxelo zemali zeKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ezithiwe thaca kwikhasi 3 ukuya kwelama23, eliqulethe ingxelo yesimo ngokwemali ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, ingxelo yentsebenzo ngokwemali, ingxelo engeenguqu kwiiasethi eziseleyo, ingxelo yokuthelekiswa kweenkcukacha zesabelomali kunye nezona zixa kulo nyaka uphelileyo, ndawonye neenowuthi ezihlonyelwe kwiingxelo zemali, kuquka nesishwankathelo semigaqonkqubo yocinozincwadi ephambili.

isivaleliso

2. Ngokolu hlalutyio lwam, akukho nto ithe qatha nendibangele ndikholelwe ezi ngxelo zemali azivakalisi ngokuchanekileyo, ngazo zonke iindlela ezivakalayo, isimo seKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ngokwemali ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 kwakunye nentsebenzo yayo ngokwemali ndawonye nokungena nokuphuma kwemali ngokweMigangaho eYamkeleke ngokuPhangaleleyo yoMsebenzi woGcinozincwadi (iGRAP) kwanangokwemimiselo yePublic Finance Management Act 1 ka1999 (iPFMA).

Uxanduva lwegosa elongameleyo kwezi ngxelo zemali

3. igosa elongameleyo linoxanduva lokuqulunqwa kwakunye nokudandalaziswa kuhle kweengxelo zemali ngokemigaqo yeGRAP neyePFMA kwanangokwemimiselo yolawulo lwezangaphakathi njengoko libona kunanzelekile igosa elongameleyo ngenjongo yokuvulela ukuqulunqwa kweengxelo zemali ezingenamakhwiniba, nokuba kungenxa yobuqhophololo okanye ngempazamo.
4. ekuqulunqweni kweengxelo zemali, igosa elongameleyo linoxanduva lokuvavanya isakhono sequmrhu sokuqhuba njengesiqhelo; lidiza, njengoko kulindelekile, imiba ephathelele kwimeko yokuqhuba njengesiqhelo; kwanokusebenzisa isiseko sogcnizoncwadi sokuqhuba njengesiqhelo ngaphandleni kokuba kukho ndibanisela ithile yolawulo emiselwe ngokukuko eceba ukubhangisa eli qumrhu likarhulumente okanye ukuliyekisa ukusebenza, okanye alinayo enye indlela ngaphandle kokwenza oko.

Uxanduva lomphicothizincwadi jikelele kuphicotho lweengxelo zemali

5. uxanduva lwam kukuvakalisa uluvo ngezi ngxelo zemali zilandelayo. Ndilwenze uhlalutyio lwam ngokwemigaqo yoMgangatho waMazwe ngaMazwe woMsebenzi woHlalutyio (iISRE) 2400 (eHlaziyiweyo), iMisebenzi yohlalutyio lweengxelo zemali zangaphambili. Umgangatho lo umisela ukuba ndivalelise ngokuba ikho na into endithe ndayibhaqa endenza ndikholelwe ukuba ezi ngxelo zemali, xa zithatyathwa zizonke, aziqulunqwanga kwiinkalo zonke ngokwemigaqo yesikhokelo esisebenzayo sokunikezelwa kweengxelo. Lo mgangatho ukwamisela ukuba ndithobele imimiselo echaphazelekayo yendlela yokuziphatha.
6. Uhlalutyio lweengxelo zemali ngokwemigaqo yeISRE 2400 (eHlaziyiweyo) ngumsebenzi wengqinisekiso ongagqibelelanga. Kulindeleke ukuba ndenze iinkqubo, ezithi ubukhulu becala ziqulathe ukubuzwa kwemibuzo kubaphathi nabanye abakweli qumrhu liphicothwayo, njengoko kulindelekile, kwanokusebenzisa iinkqubo zohlalutyio, kwanokuhlola ubungqina obufumanekileyo.
7. Iinkqubo ezenziweyo kumsebenzi wohlalutyio mincinci kakhulu kunaleyo yenziwa kuphicotho olwenziwe ngokwemigaqo yeMigangatho yaMazwe ngaMazwe yoPhicotho. Kwangokunjalo, andivakalisi luvo lwaluphicotho ngezingxelo zemali.

Ingxelo ngengxelo yentsebenzo yonyaka

8. Ngokwemigaqo yePublic Audit Act 25 ka2004 (iPAA) kwanangokwsaziso esiphangaleleyo esikhutshwe ngokwale migaqo; kufuneka ndiphicothe ze ndinikezele ingxelo ngokuba lulutho kwanokuchaneka ngeenkcukacha ezingentsebenzo ngokuzithelekisa neenjongo ebezimiselwe kwantlandlolo kwezo zalathisi zentsebenzo zithe zachongwa nezivakalayo ezidandalaziswe kule ngxelo yentsebenzo. Igosa elongameleyo linoxanduva lokuqulunqwa kwengxelo yentsebenzo yonyaka.

INgxelo yoMphicothizincwadi waNgaphandle

9. ndichonge ezi zalathisi zentsebenzo zilandelayo nezichaphazela inkqubo: ulawulo lwezibonelelo zeKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kwingxelo engentsebenzo yonyaka ophela ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025. Ndichonge ezo zalathisi zilinganisela intsebenzo yeli qumrhu kweyona misebenzi yalo ingundoqo nebalulekileyo kwinkalo yesizwe, eyeluntu lokuhlala okanye eyokuybandakanyeka koluntu ngokubanzi.
 - Inani leentshukumo eziphakamisa ukumiselwa komgaqonkqubo weeLwimi zeNtshona Koloni
 - Inani lamaphulo aphakamisa iilwimi zomthonyama
 - Inani lemihlangano yokumiselwa koMgaqonkquno weeLwimi weNtshona Koloni
10. Ndivavanye iinkcukacha ezinikezelweyo ngentsebenzo ngezalathisi zentsebenzo ezichongiweyo nezivakalayo ngokuzitghelekisa namakhabathiso aqulunqwe kwinkqubo yolawulo lwentsebenzo kwanakwisikhokelo sokuqulunqwa kweengxelo, njengoko kuchaziwe kwisaziso esiphangaleleyo. Xakuqulunqwa ingxelo yentsebenzo yonyaka kusetyenziswa le migaqo, iye inikezele iinkcukacha ezilulutho nezichanekileyo kunye nolwazi kubasebenzisi ngocwangciso kwakunye nokufezekiswa kweenjongo zeli qumrhu.
11. ndenze iinkqubo zokuvavanya ukuba ingaba:
 - izalathisi ezisetyenzisiweyo zocwangciso nezokuqulunqwa kwengxelo yentsebenzo ingathungelaniwa ngqo na nesigunyaziso sentsebenzo yeli qumrhu kwanokuzuzeka kweenjongo zayo ezicwangcisiweyo
 - izalathisi ezichongiweyo eziphathelele zikulungele na ukulinganiselwa kwentsebenzo yeli qumrhu likarhulumente ngokuthelekiswa neyona misebenzi yalo imiselwe ngokwemithetho nephambili kwakunokuba ingaba iinjongo zalo ezicwangcisiweyo zibandakanyiwe na
 - izalathisi zichazwe kakuhle yaye ziyaqinisekiseka ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ziqondakala lula yaye zisetyenziswa rhoqo futhi ke ndiyaziqinisekisa neemethodi kunyen eenkqubo ezisetyenziswe ekulinganiseleni intsebenzo
 - iithagethi zingathungelaniwa ngqo ekuzuzekeni kwezalathisi yaye zizezithile, ezithungelaniwe kumaxesha nezilinganisekayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba kuqondakala lula ukuba yintoni na ekufuneka yenziwe, nini, inqanaba elilindelekileyo lentsebenzoz ndawonye nendlela evavanywa ngayo intsebenzo
Izalathisi kunye neethagethi ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngazo kwingxelo yentsebenzo yonyaka zikwafana nezo bezimiselwe kumaxwebhu okuqala nahlaziyiweyo ocvangciso
 - iinkcukacha zentsebenzo ekunikezelwe ingxelo ngazo zinikezelwa kwingxelo yentsebenzo yonyaka ngendlela ekwamiselweyo
 - bukho ubungqina obaneleyo nobuxhasayo ngeenzuzo ekunikezelwe ingxelo ngazo kwanangezizathu ezinikezelweyo nangayiphi na imeko yokuzuzeka kakhulu okanye yokungazuzeki kweethagethi.
12. Ndenze ezi nkqubo ngenjongo yokunikezela ingxelo ngezimvo ezibonakalayo kuphea; kwanokuze ndivakalise uluvo okanye isivaleliso esiqinisekisa.
13. Andibhaqanga nazphi na izinto eziphathekayo ngeenkcukacha zentsebenzo ekunikezelwe ingxelo ngazo kwezi zalathisi zentsebenzo zichongiweyo.

Ingxelo engokuthotyelwa kwemithetho

14. ngokwemigaqo yePAA kwaneyesaziso esiphangaleleyo esikhutshwe ngokwale migaqo, kufuneka ndiphicothe ze ndinikezele ingxelo ngokuthotyelwa kwemithetho elawulayo ephathelele kwimiba yemali, ulawulo lwemali kunye nemiba imiba echaphazelekayo. Igosa elongameleyo linoxanduva lokuthotyelwa kwemithetho leli qumrhu likarhulumente.
15. ndenze iinkqubo ngenjongo yokuvavanya ukuthotyelwa kwemimiselo ethile kwemithetho ephambili ngokwemigaqo yemethodoloji yokuqulunqwa kwezimvo zeAGSA. Lo msebenzi ayingomsebenzi wengqinisekiso. Kwangokunjalo, andivakalisi luvo okanye sivaleliso sangqinisekiso.
16. Ngokwenkqubo yeAGSA esele inezimvi, ndikhethe imimiselo ekwemithetho ephambili ngenjongo yokuvavanya ukuthotyelwa kwemimiselo ephathelele kulawulo lwentsebenzo yemali kweli qumrhu, ecacileyo ukuze kuvuleleke ukulinganiselwa novavanyo lwarhoqo, ngelixa ndineenkcukacha ezaneleyo yaye ndikwakulungele ngokugqibeleleyo ukunikezela aingxelo ngendlela eqondakalayo. Imimiselo yemithetho echongiweyo ibandakanyiwe kwisihlomelo sale ngxelo yomhicothizincwadi.
17. Andibhaqanda nazphi na iimeko eziphathekayo zokungathotyelwa kwemimiselo yemithetho echongiweyo.

Iintsilelo kwinkqubo yolawulo lwezangaphakathi

18. ndiziqwalasele iinkqubo zolawulo lwangaphakathi ezichaphazela umsebenzi wam kwiingxelo zemali, ingxelo yentsebenzo yonyaka kunye nengokuthotyelwa kwemithetho elawulayo; kodwa ke, injongo yam ibingekuko ukuvakalisa ingqinisekiso ngazo.
19. Andibhaqanga naziphi na iziphene kwinkqubo yolawulo lwezangaphakathi.

Ulawulo lwenkqubo yokuziphatha ngendlela kwakunye nolawulo lomgangatho

20. andiyonxalenye yeli qumrhu likarhulumente ngokwemigaqo yekhowudi yokuziphatha yeMigangatho yeBhodi yaMazwe ngaMazwe yeNdlela yokuZiphatha kubaGcinizincwadi abaqeshiweyo (kuquka iMigangatho yaMazwe ngaMazwe yokuZimela) (ikhowudi yeIESBA) ndawonye neminye imimiselo ephathelele kumsebenziz wam eMzantsi Afrika. Ndilufezekisile nolunye uxanduva lwam ngokwendlela yokuziphatha ngokwemigaqo yale mimiselo kwanangokwemigaqo yekhowudi yeIESBA.
21. ngokwemigaqo yoMgangatho waMazwe ngaMazwe enguLawulo loMgangatho 1, iAGSA ihlala isebenzisa inkqubo egqibeleleyo yolawulo lomgangatho equka imigaqonkqubo kunye neenkqubo ezibhalwe phantsi engokuthotyelwa kwemimiselo yendlelayokuziphatha kwakunye nemigangatho yeengcali eziqeqeshiweyo.

EKapa
ngowama31 kweyeKhala ka2025



AUDITOR - GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

Isihlomelo kwingxelo yomphicothizincwadi

Ukuthotyelwa kwemithetho – imimiselo ethile yemithetho

Imimiselo ethile yemithetho ingolu hlobo lulandelayo:

Imithetho	Amacandelo okanye imimiselo
IPublic Finance Management Act Nombolo 1 ka1999 (iPFMA)	ICandelo 51(1)(b)(i); 51(1)(b)(ii); 51(1)(e)(iii); 53(4); 54(2)(c); 54(2)(d); 55(1)(a); 55(1)(b); 55(1)(c)(i); 56; 57(b); 66(4)
IMimiselo yeSebe leMali, ka2005	UMmiselo 16A3.2; 16A3.2(a); 16A6.1; 16A6.2(a) 16A6.2(b); 16A6.3(a); 16A6.3(b); 16A6.3(c); 16A6.3(e); 16A6.4; 16A6.5; 16A6.6; 16A7.1; 16A7.3; 16A7.6; 16A8.3; 16A8.4; 16A9.1(b)(ii); 16A9.1(d); 16A9.1(e); 16A9.1(f); 16A9.2; 16A9.2(a)(ii); 30.1.1; 30.1.3(a); 30.1.3(b); 30.1.3(d); 30.2.1; 31.1.2(c); 31.2.1; 31.2.5; 31.2.7(a); 31.3.3; 33.1.1; 33.1.3
IConstruction Industry Development Board Act 38 ka2000	ICandelo 18(1)
IMimiselo yeBhodi yeCandelo lezoKwakha, ka2004	IMimiselo 17; 25(7A)
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 5 ka2020/21	UMhlathi 4.8; 4.9; 5.3
ULungiso lweSibini loMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 5 ka202/21	UMhlathi 1
IMPazamo kuMyalelo weSebe leMali onguNombolo 5 ka202/21	UMhlathi 2
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 1 ka2021/22	UMhlathi 4.1
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 4 ka2015/16	UMhlathi 3.4
UMyalelo weSCM weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 4A of 2016/17	Paragraph 6
INowuthi yoMyalelo weSCM weSebe leMali likaZwelonke 03 2021/22	UMhlathi 4.1; 4.2 (b); 4.3; 4.4(a); 4.17; 7.2; 7.6
INowuthi yoMyalelo weSCM weSebe leMali likaZwelonke 11 2020/21	UMhlathi 3.4(a); 3.4(b); 3.9
INowuthi yoMyalelo weSCM weSebe leMali likaZwelonke 2 ka2021/22	UMhlathi 3.2.1; 3.2.4; 3.2.4(a); 3.3.1
INowuthi yokuSebenza 5 ka2009/10	UMhlathi 3.3
INowuthi yokuSebenza 7 ka2009/10	UMhlathi 4.1.2
IPreferential Procurement Policy Framework Act 5 ka2000	ICandelo 1 AmaCandelo 2.1(a); 2.1(f)
IMimiselo yoKhetho kwiiNtengo, ka2017	UMhlathi 4.1; 4.2; 5.1; 5.3; 5.6; 5.7; 6.1; 6.2; 6.3; 6.6; 6.8; 7.1; 7.2; 7.3; 7.6; 7.8; 8.2; 8.5; 9.1; 10.1; 10.2; 11.1; 11.2
IMimiselo yoKhetho kwiiNtengo, ka2022	UMhlathi 4.1; 4.2; 4.3; 4.4; 5.1; 5.2; 5.3; 5.4
IPrevention and Combating of Corrupt Activities Act 12 k2004	ICandelo 34(1)

IINGxelo yeSimo ngokweMali

Amanani ngokweRandi	I(i)Nowuthi	2025	2024
IiAsethi			
IiAsethi zaNgoku			
Ezifumaneke kwiintengiselwano ¹ ezingezizo ezonaniselwano	3	478	526
Imali kunye nezilingana nemali	4	497,720	482,188
		498,198	482,714
IiAsethi ziZonke		498,198	482,714
Amatyala			
Amatyala aNgoku			
Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano	5	11,499	-
AMatyala eWonke		11,499	-
IiAsethi eziSeleyo		486,699	482,714
Iintsalela aQokelelekileyo		486,699	482,714
IiAsethi eziSeleyo ziZonke		486,699	482,714

¹ Ngenxa yenguqu ekunikezelweni ngokwemivo ukususela kwirandi ukuya kumawaka eeranedi, isixa sezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano kunyakamali u2023-2024, asidizwanga ngaphambili ngenxa yokwenziwa ngqukuva.

INgxelo ngokweNtsebenzo yeMali



Amanani ngokweRandi	I(i)Nowuthi	2025	2024
Ingeniso			
Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano			
Ingeniso yenzala	6	41,312	41,925
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano			
Ingeniso yeentlawulo			
Enye ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano	7	747,106	704,667
lintlawulo kunye neenkxasomali ezifumanekileyo	8	313,000	303,000
Ingeniso iyonke esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano		1,060,106	1,007,667
Ingeniso iyonke		1,101,418	1,049,592
Inkcitho			
liNtlawulo zoPhicotho	9	(77,466)	(62,752)
INkcitho ePhangaleleyo	10	(223,970)	(213,306)
lintlawulo zamalungu	11	(48,891)	(32,441)
linkonzo zesisa	12	(747,106)	(704,667)
Inkcitho iyonke		(1,097,433)	(1,013,166)
Intsalela yalo nyaka		3,985	36,426

Ingxelo yeeNguqu kwiiAsethi eziSeleyo

Amanani ngokweRandi	Intsalela eqokeleleneyo	Iiasethi eziseleyo zizonke
Ibhalansi ukuya kuma ngomhla wokuqaka kwekaTshazimpuzi ka2023	446,288	446,288
linguqu kwiiasethi eziseleyo	36,426	36,426
Intsalela		
linguqu ezipheleleyo	36,426	36,426
Ibhalansi ukuya kuma ngomhla wokuqaka kwekaTshazimpuzi ka2024	482,714	482,714
linguqu kwiiasethi eziseleyo kulo nyaka	3,985	3,985
linguqu zizonke	3,985	3,985
Ibhalansi ukuya kuma ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025	486,699	486,699

Ingxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali



Amanani ngokweRandi	I(j)Nowuthi	2025	2024
Ukungena kwemali esusela kwiintshukumo zentsebenzo			
Iirisithi			
Iirisithi zemali eziinkozo		313,000	303,000
Ingeniso yenzala		41,360	41,862
		354,360	344,862
Iintlawulo			
Imali ehlawulwe kumashishini		(338,828)	(308,499)
Ukungena kwemali iphelele esusela kwiintshukumo zentsebenzo	13	15,532	36,363
Ukwenyuka kwemali iphelele kunye nezilingana nemali			
Imali kunye nezilingana nemali ekuqaleni konyaka		15,532	36,363
Imali kunye nezilingana nemali ekuqaleni konyaka		482,188	445,825
Imali kunye nezilingana nemali ekupheleni konyaka	4	497,720	482,188

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
liNngxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025
INgxelo yokuThelekiswa kweSabelomali kunye neZona Zixa

ISabelomali ngokweMali eziiNkozo

Amanani ngokwaMawaka eRandi	Isabelomali esiphunyeziweyo	Uhlengahlengiso	Isabelomali sokugqibela	Ezona zixa ngokwesiseko seentelekiso	Umahluko phakathi kwesabelomali sokugqibela kunye nesona sixa	Isalathiso
Ingxelo yeNtsebenzo ngokweMali						
Ingeniso						
Ingeniso engasuseli kwirhafu						
Ingeniso yeQumrhu engasuseli kwiintengo	48,000	-	48,000	41,360	6,640	17.1
lintlawulo kunye neeNkxasomali ezifumanekileyo	313,000	-	313,000	313,000	-	
Ingeniso iyonke	361,000	-	361,000	354,360	6,640	
Inkcitho						
Imveliso neenkonziso	(361,000)	-	(361,000)	(338,828)	22,172	17.2
Inkcitho iyonke	(361,000)	-	(361,000)	(338,828)	22,172	
Intsalela	-	-	-	15,532	15,532	
Esona sixa ngokwesiseko seNtelekiso njengoko siNikezelwe kwiSabelomali kunye naKwesona Sixa	-	-	-	15,532	15,532	
Ingxelo yokuThelekisa						
Uthungelwaniso (lokuSebenza)						
Umahluko kwisiseko (sokuSebenza)						
Enye ingeniso engasuseli kwirhafu (iiNkonzo zesisisa)				747,106		
Imveliso neenkonziso				(11,499)		
Imveliso neenkonziso (iiNkonzo zesisisa)				(747,106)		
Ingeniso yequmrhu engeyiyo eyeentengo				(48)		
Umahluko kumaxesha (okuSebenza)				-		
Umahluko kwiqumrhu (wokuSebenza)				-		
Esona sixa sikwiNngxelo yeNtsebenzo ngokweMali				3,985		

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo

1. Ukunikezelwa kweeNgxelo zeMali zoNyaka

Imigaqonkqubo yogcinozincwadi ebalulekileyo nesetyenzisiweyo hekuqulunqweni kwezi ngxelo zemali zonyaka idandalaziswe ngezantsi apha.

1.1 Isiseko soqulunqo

Iingxelo zemali zonyaka ziqulunqwe ngokwemigaqo yeMigangatho eYamkeleke ngokuPhangaleleyo yoGcinozincwadi (iGRAP), ekhutshwa yiBhodi yeMigangatho yoGcinozincwadi ngokwemigaqo yeCandelo 91(1) lePublic Finance Management Act (uMthetho 1 ka1999).

Ezi ngxelo zemali zonyaka ziqulunqwe ngokwenkqubo yezongezelelo yogcinozincwadi futhi ke ngokwemigaqo yenkqubo yeendleko yasezimbalingeni njengesiseko sokulinganiseka, ngaphandle kokuba kuchazwe ngolunye uhlobo. Zinikezelwe ngokweRandi yoMzantsi Afrika.

Kunyakamali odlulileyo, iinkcukacha zemali bezinikezelwe ngokwamawaka eRandi (R'000). Kulo nyakamali sikuwo, iinkcukacha zemali zinikezelwa ngokweRandi (R). Le nguqu ekuqulunqweni kweengxelelo yenzelwe ukunikezela inqanaba elibalekayo leenkukacha yaye alizichaphazeli iinkcukacha zemali zona buqu. Zonke izixa zithe zahlengahlengiselwa injongo yokubonakalisa icandelo elitsha lokuqulunqwa kwengxelo.

Ngelixa inguqu ekunikezelweni ingakuchaphazela ukuthelekiswa ngqo kwamanani amaxesha angaphambili, abalawuli bakholelwa ekubeni ukuvuleleka okuthe kwaphuculwa kungaphezu kwayo nayiphi na imingeni esezayo youthelekiswa.

Isishwankathelo semigaqonkqubo ebalulekileyo yogcinozincwadi, esele isetyenziswe ngokothungelwano ekuqulunqweni kwezi ngxelo zemali zonyaka, sidizwe ngezantsi apha.

1.2 Ingcamango yokuba kuya kuqhutywa njengesiqhelo

Ezi ngxelo zemali zonyaka ziqulunqwe ngokusekelwe phezu kwento ethi iqumrhu eli liya kuqhuba nokusebenza njengesiqhelo ubuncinci isithuba seenyanga ezilishumi elinambini.

1.3 Eziphathekayo

Izishiyelelo okanye iimposiso kwizinto zizeziphathekayo ukuba zinakho, nganyenganye okanye ngokwengqokelela, ukubanefuthe kwizigqibo okanye kwiimvavanyo zabasebenzisi phezu kwesiseko esiziingxelo zemali. Ukuphatheka kuxhomekeke kuhlobo okanye kubungakanani besishiyelelo okanye semposiso xa zijongwa ngokweemeko ezingqongileyo. Uhlobo nobungakanani bomba weenkukacha, okanye ingqokelela yazo zombini, ingayiyo into eba nefuthe kwisiphumo.

Ukuvavanya ukuba isishiyelelo okanye imposiso singaba nefuthe na kwizigqibo zabasebenzisi, ze zibe zeziphathekayo, kudinga ingqwalasela yeempawu zabo basebenzisi. ISikhokelo sokuqulunqwa noKunikezelwa kweeNgxelo zeMali kumisela ukuba kucingeleke ukuba abasebenzisi banolwazi oluphangaleleyo ngorhulumente, iintshukumo zakhe, ugcinozincwadi kunye nokulngela ukufunda iinkcukacha ngokuzinikela okulindelekileyo. Ngoko ke, uvavanyo olo lunika ingqwalasela indlela abasebenzisi abanezo zakhono abanokulindeleka ukuba bafumane ifuthe ekwenzeni nasekuvavanyeni izigqibo.

1.4 Izimvo ezibalulekileyo kunye nemithombo yokuthelekelela iintandabuzo

Iqumrhu eli lena iintelekelelo neengcingelo eziphathelele kwikmva. Iintelekelelo eziziziphumo zoku ziya kuthi ngokwengcaciso zingafani zichaphazele ezona ziphumo. Iintelekelelo nezimvo ziyaqhuba nokuvavanywa yaye zisekelwe kumava asezimbalingeni kunye neminye imiba, kuquka nokulindelekileyo ngokweentshukumo ezisezayo ekukholeleka ukuba zizezisemgangathweni phantsi kwezi meko. Iinelelekelo kunye neengcingelo ezinomngcipheko omkhulu wokudala iinguqu ezibalulekileyo kwizixa ezipheethe iiasethi kunye namatyala kwisithuba sonyakamali ozayo kuboniswana ngazo ngezantsi apha.

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo

1.4 Izimvo ezibalulekileyo kunye nemithombo yokuthelekelela iintandabuzo (ziyaqhuba)

Ezifumanekayo

Iqumrhu eli livavanya ezifumanekayo zokonakalisekpheleni kwexesha lengxelo ngalinye. Ekumiseleni ukuba ilahleko yokonakaliseka kufuneka irekhodwe njengentsalela okanye njengentsilelo, iqumrhu lenza izimvo zokuba ingaba zikho na iinkcukacha eziqwalaselekayo ezidiza ukucutheka okulinganisekayo ekungeneni nasekuphumeni kwemali kwixa elizayo elithelekelekayo kwiasethi yemali.

Ezifumeneke ngokokonakaliswa zibalwa ngokwesiseko sepotifoliyo, ngokusekelwe kwimilinganiselo yelahleko yasezimbalini, ehlenghlengiswe ngokweemeko zesizwe nezecandelo zezoqoqosho kunye nezinye izalathisi ezikhoyo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo ethungelana nezo zikhoyo kakade kwipotifoliyo. Le milinganiselo yelhleko yonyaka isetyenziswa kwiibhalansi zeemalimboleko ezikwipotifoliyo nelinganiselwe kwithuba lokuvela kwelahleko.

Isibonelelo somonakalo

Intelekelelo yesonakaliso kwezo zifumnekayo yenziwa xa ukuqokelelwa kwesixa esipheleleyo kungaskwazeki. Isimiselo setyala lesonakaliso siya kubalwa kwezifumaneka ngenxa yorhwebo kuphela. Ummiselo opheleleyo wesonakaliso weli qumrhu uy kubala ngokomtyali ngamnye ngamnye okanye ke ubuncinci ngokwekhabathiso lomngcipheko ngalinye.

1.5 Izixhobo zemali

Izixhobo zemali zeli qumrhu zifakwa kumabakala njengeeasethi ezinexabiso lemali okanye njengamatyala.

Isixhobo semali siso nasiphi na isibhambathiso esinika ixabiso kwiasethi enexabiso lemali yequmrhu elithile kwakunye netyala lemali okanye inzala ethi ivele yelinye iqumrhu.

Ityala elicinyiweyo leasethi yemali okanye letyala lemali lisisixa apho iasethi yemali okanye ityala lemali lilinganiselwa kwinkalo yokuqala yokunakanwa kuthatyathwe iintlawulo eziphambili, kongezwe ukucinywa okwandayo kusetyenziswa imethodi yenzala esebenzayo yawo nawuphi na umahluko ophakathi kweso sixa sokuqala kwakunye nesixa esikhulileyo esihlawulwayo, kuthatyathwe nayiphi na ecuthiweyo (ngokuthe ngqo okanye ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yesibonelelo) ngomonakalo okanye ukungakwazi ukufumaneka kwemali.

Umngcipheko wezinga lenzala ungumngciphekoe eliza kuthi ixabiso elingenamkhethe okanye inkqubo yokungena nokuphuma kwemali yesixhobo semali uya kwehla usenyuka ngenxa yeenguqu kumazinga enzala yeemakethe.

Iimalimboleko ezihlawulwayo ngamatyala emali, angengawo aza kuhlawulwa ngamaxesha amafutshane gokwemiqathango yamatyala eqhelekileyo.

Ukuhlelwa

Iqumrhu eli linezi ntlobo zilandelayo zeeasethi ezinexabiso lemali (amahlalo kunye namakhabathiso) njengoko kudiziwe ebusweni bengxelo yesimo ngokwemali okanye kwiinowuthi ezilapho:

Ihlelo

Imali kunye nezilingana nemali
Ezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Ikhathiso

Yiasethi yemali elinganiselwa kwindleko ecinyiweyo
Yiasethi yemali elinganiselwa kwindleko ecinyiweyo

Ihlelo

Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano

Ikhathiso

Lityala lemali elinganiselwa kwindleko ecinyiweyo

Umlinganiselo wokuqala weeasethi zemali kunye namatyala emali

Iqumrhu lilinganisela iiasethi zemali kunye namatyala emali, ngaphandle kwezo ezithi kwenziwe umlinganiselo kuzo ngokwexabiso elihle, okokuqala ngokwexabiso elihle ze kongezwe iindleko zentengiselwano ezithi ngokuthe ngqo zibe ngumvuka zokuthengwa okanye zokukhutshwa yetyala leasethi okanye lemali.

Iqumrhu eli lilinganisela zonke ezinye iiasethi ezinexabiso lemali kunye namatyala email ekuqalekeni ngokwrxabiso elihle.

1.5 Izixhobo zemali (ziyaqhuba)

Imilinganiselo elandelayo yeeasethi zemali kunye namatyala emali

Iqumrhu lilinganisela zonke iiasethi ezinexabiso lemali kunye namatyala emali emva kokunakanwa okokuqala lisebenzisa la makhabathiso alandelayo:

- Izixhobo zemali ngokwexabiso eihle.
- Izixhobo zemali ngokwendleko ecinyiweyo.

Zonke iiasethi ezinexabiso lemali ezikwindleko ecinyiweyo zimele ukuya kuhlalutyelwa umonakalo.

Ixabiso elicinyiweyo leasethi yemali lisisixa apho iiasethi yemali okanye ityala lemali lilinganiselwa kwixabiso lasekuqaleni kuthatyathwe iintlawulo eziphambili, ze kongezwe okanye kuthatyathwe ixabiso elicinyiweyo elongezelelekayo kusetyenziswa imethodi yenzala esebenzayo yawo nawuphi na umehluko ophakathi kwesixa sokuqala kunye nesixa sasekugqibeleni, ze kuthatyathwe naluphi na unciphiso (ngokuthe ngqo okanye ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yesibonelelo) kwimeko yomonakalo okanye ekungabuyisekini kwinkalo yeeasethi zemali.

Iingqwalasela zemlinganiselo yexabiso elihle

Abaphathi bamisele ixabiso elihle besenzela izixhobo zemali ngokuthi kusetyenziswe amacebo athile okumisela amaxabiso. Oku ke kuquka ukusetyenziswa kweentengiselwano ezinototho lwamahlakani, ukubhekiswa kwezinye izixhobo afana kakhulu, uhlalutyo lokungena nokuphuma kwemali ezinezaphulelo nezixhomekeke kancinci kumagalelo equmrhu ngalinye.

Iiasethi ezilinganiselwa ngendleko ecinyiweyo

Ukuba bukho ubungqina obuqinisekisekayo bokuba ikho ilahleko ebangelwe ngumonakalo Ityala lemali elinganisrlwe ngokwendleko ecinyiweyo zemali ezilinganiselwe ngokwendleko ecinyiweyo, isixa selahleko leyo silinganiselwa ngomahluko ophakathi kwexabiso eliphethwe yiloo asethi kwakunye nexabiso langoku eliqikelelwa lemali eza kungena iphume kwithuba elisezayo (ngaphandle kweelahleko zamatyala aseza kubakho ezingkaveli) eyaphulelwe ngokwezinga lenzala elisebenzayo leasethi yemali. Isixa esikhoyo ngoku seasethi siyehliswa ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yesibonelelo. Isixa selahleko sinakakwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Ukuba, kwithuba elisezayo, siyehla isixa selahleko ebangelwe ngumonakalo ze izinga loko kwehla libe lingahlanganiswa ngokuzimeleyo nomsitho owenzeka emva kokunakanwa komonakalo, ilahleko ebikhe yanakanwa ngaphambili ibuyiswa umva ngokuthi kuhlengahlengiswe iakhawunti yesibonelelo. Ukubuyiswa oku akuyi kukhokelele kwisixa esiphethweyo seasethi yemali leyo inesixa esingaphaya kwendleko ecinyiweyo ukuba ilahleko yomonakalo ibinganakanwanga ngomhla womonakalo ethe yabuyiswa. Isixa sokuyiswa sinakanwa ngokwentsalela okanye ngokwentsilelo.

Apho konakaliswa iiasethi zemali ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yesibonelelo, isixa selahleko sinakanwa ngokwentsalela okanye ngokwentsilelo kwiinkqubo zenkcitho yokusebenza. Xa ezo asethi zemali zicinywa, ukucinywa kwazo kwenziwa ngokuthelekiswa neakhawunti yesibonelelo echaphazelekayo. Ezinye izixa ezithi zifunyaniswe ekuhambeni kwexesha nezazikhe zacinywa ziye zifakwe kwiinkcitho zokusebenza.

Ukunganakanwa

Iiasethi ezinexabiso lemali

Iqumrhu eli liye lingazinakani iiasethi zemali lisebenzisa ugcinozincwadi lomhla worhwebo.

Ekunganakanweni kweasethi yemali iyonkee, umahluko ophakathi kwesixa esiphethweyo kunye nendibanisela yengqwalasela ethe yafumaneka inakanwa ngokwentsalela okanye ngokwentsilelo.

Amatyala emali

Iqumrhu eli liyalisusa ityala lemali (okanye inxalenye yetyala lemali) kwingxelo yalo yesimo semali xa lithe lacinywa — oko ke kukuthi, xa uxanduva oludizwe kwisibhambathiso luthe lwenziwa, lwarhoxiswa, lwapheliswa lixesha okanye lwasuswa.

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo

1.5 Iiasethi ezinexabiso lemali (ziyaqhuba)

Umahluko phakathi kwesixa esiphathekayo setyala lemali (okanye ke inxalenye yetyala lemali) elicinyiweyo okanye elidluliselwe kwelinye ihlakani ze yahlawulwa ingqwalasela, kuquka naziphi na ezinye iiasethi ezingezizo ezemali ezithe zadluliselwa okanye amatyala athatyathiweyo, anakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo. Nawaphi na amatyala athe acinywa, axoleleka okanye athatyathwa lelinye iqumrhu ngokohlobo lwentengiselwano engeyiyo eyonaniselwano adizwa ngokoMgangatho weGRAP kwiNgeniso esusela kwiiNtengiselwano eziNgezizo eznoNaniselwano (iiRhafu neeNtlawulo).

1.6 Ezifumaneka ngokwemithetho

Ezifumaneka ngokwemigaqo yeMithetho zizezifumaneka ngokususela kwimithetho, imimiselo exhasayo, okanye iindlela ezikwafanayo, nezidinga ukuhlawulwa ngokugqibeleleyo lelinye iqumrhu ngemali eziinkonzo okanye ngenye iasethi enexabiso lemali.

Isixa esiphethweyo sisixa apho iasethi inakanwa kwingxelo yesimo ngokwemali.

Inkqubo yendleko yinkqubo esetyenziselwa ukuqulunqa iingxelo zemali ngezifumaneka ngenxa yomvuka wemithetho edinga ukuba ezo zifumanekayo ukuba zilinganiseke ngokwesixa sazo seentengiselwano, kongezwe inzala eyandileyo kwakunye nezinye iindleko (apho kwenzekayo) ze, kuthatyathwe naziphi na iilahleko ezingumvuka womonakalo nazo naziphi na izixa ezithe zayeka ukunakanwa.

Izinga lenzala elimiselweyo lizinga lenzala kunye/okanye isiseko esidizwe kwimithetho, kwimimiselo exhasayo okanye ngezinye iindlela.

Isixa sentengiselwano sento efumanekayo ngokwezomthetho sithetha isixa esidizwe, okanye esibalwe, sarhafwa okanye satshajwa ngokwemigaqo yemithetho, imimiselo exhasayo, okanye ngezinye iindlela ezikwafanayo.

1.7 Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano

Ukunakana

Ingeniso inakanwa xa kubonakala ngathi iinzuzo ezisezayo zoqoqosho okanye inkonzo esengavela iya kuza kweli qumrhu yaye xa isixa sengeniso singalinganiseka ngokuchanekileyo, yaye amakhabathiso athile amiselweyo azuzekile kwiintshukumo zeli qumrhu. Ingeniso esusela eknikezelweni kweenkonzo inakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo ngokomyinge kwinqanaba lokuqosheliswa kwentengiselwano ngomhla wokunikezelwa kwengxelo.

Ingeniso kukungena kweenzuzo zoqoqosho zizonke okanye inkonzo esengeza kwisithuba sokunikezelwa kwale ngxelo xa oko kungena kwemali kukhokelela kwiiasethi ziphelele, ezingekuko ukwanda okuphathelele kwigalelo labanini.

Intengiselwano yonaniselwano yileyo apho iqumrhu lifumana iiasethi okanye iinkonzo, okanye linamatyala eliwacimileyo, zelizithi ngokuthengisa ngokwentelekelelo ixabiso elilinganayo (ubukhulu becala ngokweemveliso, iinkonzo okanye ngokusetyenziswa kweeasethi) kwelinye ihlakano ngonaniselwano.

Ixabiso elihle ekungananiselwana ngalo ngeasethi, okanye kuhlawulwe ityala, phakathi kwamahlakani anolwazi, afunayo kwintengiselwano equka amanye amahlakani azimeleyo.

Imilinganiselo

Ingeniso ilinganisela ngokwexabiso elihle lengqwalasela eghe yafumaneka okanye eza kufumaneka. Isixa asithatyathwa njengesilinganisela ngokuchanekileyo de kube zonke iingqwalasela eziphathelele kuloo ntengiselwano ziyasombululeka.

Inzala, iinzuzo kunye nezabelo

Inzala inakanwa njengentsalela okanye njengentsilelo, kusetyenziswa inkqubo esebenzayo yezinga lenzala.

1.8 Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Ukunakana

Ukungena kwezibonelelo ezisusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano nezinakanwa njengeasethi zinakanwa njengengeniso, ngaphandleni kwebakala lokuba ityala likwanakanwa kwinkalo yoko kungena kwemali.

Njengequmrhu elikholisa uxanduva olukhoyo ngalo muzuz kwinkalo yokungena kwezibonelelo ezisusela kwintengiselwano engeyiyo eyonaniselwano ezinakanwa njengeasethi, icutha isixa esiphethweyo setyala ze inakane isixa sengeniso esilingana neso sicuthiweyo.

Umlinganiselo

Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano ilinganiselwa ngokwesixa esenyusiweyo kwiasethi eziseleyo ezinakanwa leli qumrhu.

Xa, njengomvuka wentengiselwano engasuseli kunaniselwano, iqumrhu lithi linakane iasethi, likwanakana nengeniso elingana nesixa seeasethi ezilinganiselwe kwixabiso elihle ukuya kuthi ga ngomhla wokuthngwa kwazo, ngaphandleni kokuba kukwalindeleke ukuba kunakanwe ityala. Apho ityala kulindeleke ukuba linakanwe liya kulinganiselwa ngokweyona ngqikelelo ingcono yesixa ekulindeleke ukuba sihlawulwe kwelo tyala ngomhla wokunikezelwa kwengxelo, kwakunye nesixa soko kwenyuswa kwiasethi eziseleyo, ukuna zikho, ezinakanwa njengengeniso. Xa ityala lithe ekuhambeni kwexesha lacuthwa, kuba kuthe kwahla isehlo esirhafelwayo okanye umathanggo uthe wakholiseka, isixa soko kwehliswa kwelo tyala sinakanwa njengengeniso.

Iinkxasomali ezinemiqathango kunye neerisithi

Ingeniso efumaneka kwiinkxasomali ezinemiqathango, izisa kunye neemali ezingenayo zinakanwa njengengeniso de kufikelele apho iqumrhu eli lithi lithobele nayiphi na kule migaqo, imiqathango emiselwe kwesi sivumelwano. De kube kanti imigaqo, imiqathango okanye uxanduva izuzekile, kulapho kunakaneka khona ityala.

Inzala esusela kutyalomali ithatyathwa ngokwemigaqo yemiqathango yeenkxasomali. Ukuba kufuneka ibuyisiwe kulowo ebeyizisile iyarekhodwa njengenxaenye yamatyala ze ukuba akunjalo, inakanwa njengenzala ezuzekileyo kwingxelo ngokwentsebenzo.

Iinkxasomali zibuyekeza iqumrhu ngeenkitho elizenzileyo zinakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo kwisiseko senkqubo kumaxesha amaxesha afanayo nalawo kunakanwe ngawo ezo nkcitho.

Izipho nezisa, kuquka neemveliso zesisa

Izipho nezisa, kuquka neenkonziso zesisa, ziyakanwa njengeasethi kunye nengeniso xa kukwazeka oko kukwazeka ukuze iinzuzo zoqoqosho okanye inkonziso esezayo iya kulandela kwiqumrhu kwakunye nexabiso elihle leasethi lingalinganiseka ngokuchanekileyo.

Iinkonziso zesisa

Iqumrhu linakane iinkonziso zesisa ezibalulekileyo kwimisebenzi yalo kunye/okanye neenjongo zenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo. Ingeniso echaphazelekayo inakanwa xa kukwazeka kuba iinzuzo zoqoqosho zexesha elizayo okanye iinkonziso ezinokuvula ziya kuza kweli qumrhu yaye zingalinganiseka ngokuchanekileyo. Inkcitho elinganayo ngexabiso inakanwa ngoko nangoko ukuze kusetyenziswe inkonziso.

Apho iinkonziso zingenkulu kwimisebenzi yeli qumrhu yaye/okanye iinjongo zenkqubozingawakholisiyo amakhabathiso okunakanwa, iqumrhu lidiza isimo kuny nohlobo lweenkonzo zesisa ezithe zafumaneka kwisithuba sokuqulunqwa kwale ngxelo.

Iinkonziso zesisa zinikezelwe ngabantu abakumaqumrhu, ngaphandle kwentlawulo, kodwa ke kungafuneka kuqale kumelwane nemigaqo.

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo

1.9 Ukuguqulelwa kwemali zamanye amazwe

lintengiselwano ngeemali zamanye amazwe

Intengiselwano ngemali yelinye ilizwe irekhodwa kunanako lokuqala ngokweRandi, ngokuthi kufakwe kwisixa sale mali yelinye ilizwe umyinge wezinga lonaniselwano lelo xesha phakathi kwemali yelizwe eseebenzayo kwakunye naleyo yelizwe langaphandle ngomhla waloo ntengiselwano.

Intengiselwano ezenziwe ngeemali zamanye amazwe ziguqulelwa ngokwezinga lonaniselwano elulawulayo ngomhla waloo ntengiselwano. Iimveliso zemali ezenziwe ngeemali zamanye amazwe ziguqulelwa ngokwezinga lonaniselwano elilawulayo ngomhla wokuqulunqwa kwale ngxelo. Iinzuzo okanye iilahleko ezisusela ekuguqulelweni zitshajwa ngokuthelekiswa nentsalela/nentsilelo.

1.10 Amanani athelekisekayo

Apho kunyanzelekileyo, kuthe kwaphinda kwahlelwa amanani entelekiso ngenjongo yokuba athungelane neenguqu ngokwesinikezelo salo nyaka sikuwo.

1.11 Inkcitho

lintengiselwano zemali ngeasethi kunye namatyala

Amatyala ayacinywa xa kufunyaniswe ukuba awabuyiseki. Amatyala acinyiweyo ayaphelela kwisixa sokonga kunye/okanye ukungasetyenziswa ngokwaneleyo kweemali ezabiweyo. Ukucinywa oku kwenzeka ekupheleni konyaka okanye xa imali ziseko. Akukho mmiselo wenziwayo ngeemali ezingabuyisekiyo kodwa ke izixa ziyadandalaziswa njengenowuthi yesidandalaziso. Zonke ezinye iilahleko zinakanwa xa sele sinikezelwe isigunyaziso sokunakanwa kwaso.

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ithetha inkcitho eyenzelwe ilize nanto engeyinqandekile ukuba bekuthe kwabonakaliswa inkathalo noko.

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko inakanwa okokuqala kwiinowuthi ezihlonyelwa kwiingxelo zemali xa sele ziqinisekisiwe izixa.

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko inakanwa xa kungenzeka ukuba isixa eso singabuyiseka kwelo qumrhu lityalayo yaye eso sixa silinganiseka ngokuchanekileyo, efunanekayo yona inakakwa njengeasethi kwiingxelo yesimo semali.

Oku kufumanekayo kulinganiselwa ngesixa esilindeleke ukuba sibuyiseke de kube lelo xesha lokuba inkcitho ibuyisekile kumntu obetyala okanye icinyiwe njengengabuyisekiyo kwiingxelo yentsebenzo yemali.

Inkcitho engagunyaziswanga

Inkcitho engagunyaziswanga njengoko ichaziwe kwiCandelo 1 lePFMA yinkcitho engeyiyo leyo igunyazisiweyo, evela ngokungathobeli okanye ephikisanayo nemimiselo yawo nawuphi na umthetho olawulayo, kuquka -

- lo Mthetho; okanye
- iState Tender Board Act, ka1968 (uMthetho onguNombolo 86 ka1968), okanye nayiphi na imimiselo eyenziwe ngokwemigaqo yalo Mthetho; okanye
- nayiphi na imithetho yephondo emisela ngeenkqubo zeentengo kuloo rhulumente wephondo.

Inkcitho engagunyaziswanga inakanwa okokuqala kwiinowuthi ezihlonyelwa kwiingxelo zemali xa inkcitho ithe yafumaniseka ze isixa saqinisekiswa njengesingagunyaziswanga.

Ukuba inkcitho ayithanga yahoyakalala kuloo khala uchaphazelekayo yayee akukho sigunyaziso sokubuyisa isixa eso ngokomthetho kuloo mntu uchaphazelekayo, inkcitho engagunyaziswanga iye iphinde ihlahlelwe ze inakanwe njengefumanekileyo (iasethi) kwiingxelo yesimo ngokwemali. Le mfumaneko ilinganiselwa ngokwesixa esimele ukubuyiseka.

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo



1.11 Inkcitho (iyaqhuba)

Ukuba akukho zinzuzo zisezayo zilindelekileyo ukuba zingene kwiqumrhu yayakukho zimali zisenokubuyiseka, inkcitho icinywa njengelahleko (engabuyisekiyo).

lintlawulo kunye neenkxasomali

lintlawulo kunye neenkxasomali zinakanwa njengencitho xa sele sikhutshiwe isigunyaziso sokugqibela kwinkqubo (bungaadlulanga umhla wama31 kweyoKwindla nyaka nanyaka).

1.12 Intsalela eqokelelekileyo

Intsalela ethe yazuzeka imele umahluko oseleyo ophakathi kweeasethi zizonke kunye namatyala ewonke eli qumrhu. Naziphi na iintsalela kunye neentsilelo ezithe zabhaqeka kunyakamali othile zifakwa/zitsalwa kwezo ntsalela/ntsilelo zithe zazuzeka. Uhlengahlengiso lonyaka ongaphambili, oluphathelele kwingeniso kunye nenkcitho, lutsalwa/lufakwa kwintsalela/kwintsilelo ethe yazuzeka xa kusenziwa uhlengahlengiso oluqwalaselwa ngemva.

1.13 linkcukacha ezingesabelomali

Isabelomali esiphunyeziweyo siqulunqwa ngokwesiseko semali eziinkonzo ze sinikezelwe ngokohlelo loqoqosho oluthungelaniswa neenjongo zesiphumo sentsebenzo. IGRAP 24 imisela ukuba ingxelo yesabelomali idandalaziswe ngokwesiseko esithelekisekayo kweso Sabelomali besiPhunyeziwe kuquka kohlelo lwesabelomali njengok lupapashiwe.

Isabelomali esiphunyeziweyo sijongana nethuba lemali elisusela ngomhla we4/1/2024 ukuya ngowe3/31/2025.

Iingxelo zemali zonyaka kunye nesabelomali azikho kwisiseko esinye sogcinozincwadi ngoko ke kuthe kwaqosheliswa intelektiso yezixa ezabiweyo kwisithuba sokuqulunqwa kwengxelo kwiNgxelo yentelekiso yesabelomali kunye nezona zixa.

Abaphathi bayithatha iyantlukwano ephathekayo njengeyntlukwano kwesi sabelomali somyinge we5% nangaphezulu. Izizathu zeyantlukwano ephathekayo zicaciswa kwiiNowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka.

1.14 Amahlakani azalanayo

Ihlakani elizalanayo ngumntu okanye iqumrhu elinesakhono sokulawula okanye zisebenzisane ngokulawula elinye ihlakani, okanye libonakalise impembelelo emandla kwelinye ihlakani, okanye ngolunye uhlobo, okanye iqumrhu elinemele ukulawulwa ngendlela eqhelekileyo, okanye intsebenziswano yolawulo.

Ulawulo ngamandla okulawula imigaqonkqubo yokulawula imali neyokusebenza yequmrhu ngenjongo yokuzuza iinzuzo kwiintshukumo zalo.

Ulawulo oluyindibanisela yobambiswano sisivumelwano sokwabelana ngolawulongentshukumo ngesivumelwano esibophelelayo, nesiphila kuphela xa izigqibo ezisekelwe kwisicwangcisoqhinga nezemali ezinika ingqwalasela intsebenzo zidinga imvume yamaqumrhu onke abelana ngolawulo (amavolontiya).

Intengiselwano yamahlakani azalanayo kukudluliselwa kwezibonelelo, iinkonzo okane uxanduva phakathi kwequmrhu elinikezela ingxelo kunye nehlakani elizalanayo, nokuba liyabizwa na ixabiso.

Impembelelo emandla ngamandla okuthabatha inxaxheba kwizigqibo zemigaqonkqubo yemali neyentsebenzo yequmrhu, kodwa ingelolawulo kuloo migaqonkqubo.

Abaphathi ngabo bantu banoxanduva lokucwangcisa, ukukhokela nokulawula iintshukumo zequmrhu, kuquka ezo zithwaliswe uxanduva lolawulo lweli qumrhu ngokwemigaqo emiselwe yimithetho, kwimrko apho kulindeleke ukuba benze loo misebenzi.

Imigaqonkqubo yoGcinozincwadi eBalulekileyo

1.14 Amahlakani azalanayo (ayaqhuba)

Amalungu osapho asondeleleneyo nomntu athatyathwa njengaloo malungu osapho ekulindeleke ukuba angaba nefuthe, okanye kufakwe ifuthe loxinzelelo kuwo nguloo mntu ekusebenzisaneni neli qumrhu.

Eli qumrhu alibandakanywanga kulawo kulindeleke ukuba lidandalazisile kwinkalo yentengiselwano yamahlakani azalanayo ukuba loo ntengiselwano yenzeka kwimeko eqhelekileyo yobudlelane obuphakathi kweshishini kunye/okanye nomthengi/nomxhamli phantsi kwemigaqo nemiqathango ezingahlukanga kwezo ziqhelekileyo nezimele ukulindeleka kwiqumrhu ukuba libe lizamkele ukuba lisebenzisana nelo qumrhu okanye loo mntu ukwiimeko ezikwafanayo yaye imigaqo nemiqathango iyafana naleyo yesiqhelo kwakunye nemida yokusebenza eyamiselwa kunikezelwe ingxelo ngesigunyaziso seli qumrhu ngokwemithetho.

Apho iqumrhu lingenaso isigunyaziso sokudandalazisa ngokwemigaqo yoku kungentla, iqumrhu lidandalazisa iinkcukacha ezibalisa ngohlobo lweentengiselwano kwakunye neebhalansi ezichaphazelekayo, ukuze kube nokuvulelwa abasebenzisi beengxelo zemali zeli qumrhu ukuba bakuqonde ukusebenza kweentengiselwano zamahlakani azalanayo kwiingxelo zalo zemali zonyaka.

1.15 Iintshukumo zasemva komhla wokunikezelwa kwengxelo

Iintshukumo zasemva komhla wokunikezelwa kwengxelo zezo ntshukumo, ezintle nezingentle, ezenzeka phakathi komhla wokunikezelwa kwengxelo kwakunye nomhla ekuthi kugunyaziswe ukukhutshwa kweengxelo zemali. Zimbini iindidi zeentshukumo ezinokuthi zifuyaniswe:

- Ezo zinikezela ubungqina beemeko ebezigquba ngomhla wokunikezelwa kwengxelo (ukuhlengahlengiswa kweentshukumo emva komhla wokunikezelwa kwengxelo); kwakunye
- Nezo zalatha kwimiqathango ethe yavela emva komhla wokunikezelwa kwengxelo (iintshukumo ezingenakuhlengahlengiswa emva komhla wokunikezelwa kwengxelo).

Iqumrhu liya kwenza iinguqu kwisixa esinakanwe kwiingxelo zemali ukuze kube nokudzwa iintshukumo ezihlengahlengisekayo emva komhla wokunikezelwa kwengxelo xa yenzeka loo ntshukumo.

Iqumrhu eli liya kudandalazisa uhlobo lwentshukumo kwakunye nengqikelelo yefuthe layo ngokwemali okanye ingxelo ethi loo ngqikelelo ayinakwenziwa kwinkalo yazo zonke iintshukumo ezihlengahlengisekayo nezibonakalayo, apho ukungadandalazisi kungaba nefuthe kwizigqibo zezoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe phantsi kwesiseko seengxelo zemali.

1.16 IRhafu yeeNtengo (iVAT)

Iqumrhu eli alimelanga kukubhalisela ukuyihlawula iVAT. Noxa kunjalo ke, ukuba kuthi kufumaneka inkxasomali edinga ukuba eli qumrhu libhalise njengequmrhu elisebenzis iVAT, eso sicelo siya kufakwa ke.

INowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali



2. Imigangatho kunye notoliko

2.1 Imigangatho kunye notoliko olukhutshiweyo, kodwa olungekasebenzi

Iqumrhu alikayisebenzisi le migangatho notoliko lulandelayo, ezithe zapapashwa nekunyanzelekileyo ukuba kumaxesha ogcinozincwadi eli qumrhu aqalea ngomhla okanye emva komhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2024 okanye ngamaxesha asemva kokor.

Imigangatho/utoliko:	Umhla wokusebenza: Iminyaka eqala ngo- okanye emva kwawo	Ifuthe elilindelekileyo:
<ul style="list-style-type: none">IGRAP 1 (elungisiweyo): Ukunikeezelwa kweeNgxelo zeMali (kuqhutywa ngokwendlela eqhelekileyo)	Ayikasebenz	Akukhangeleki kunokuvela ifuthe elinempembelelo
<ul style="list-style-type: none">GRAP 104 (njengoko ilungisiwe): iZixhobo zeMali	1 kweka-Tshazimpuzi ka2025	Akukhangeleki kunokuvela ifuthe elinempembelelo

INowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali

Amanani ngokweRandi	2025	2024
---------------------	------	------

3. Ezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Inzala eqokelelekileyo	478	526
------------------------	-----	-----

Ngenxa yeenguqu ekunikezelweni kwemivo ukususela kumawaka erandi ukuya kwiradi, isixa sezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano kunyakamali u2023-2024, besingakhange sidandalaziswe ngaphambilingenxa yokwenziwa ngqukuva.

Uthungelwaniso lwezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Ukunikezelwa kwangaphambili kwebhalansi yokuvula (ngokwamawaka erandi)	-	-
Ukunikezelwa kwangangoku kwebhalansi yokuvula (ngokwerandi)	-	526
	-	526

4. Imali kunye nezilingana nemali

Imali kunye nezilingana nemali ziquka:

Iibhalansi zebhanki	497,720	482,188
---------------------	---------	---------

Umgangatho wamatyala emali ebhankinikunye needipozithi zamaxesha amafutshane, ngaphandle kwemali esesandleni

Imali kunye nezilingana nemali ziquka imali eziinkozo kunye nemali notyalomali lwethutyana elifutshane ezisemngciphekweni omkhulu eziselugcinweni lwamaqumrhu abhalisiweyo okubhankisha apho inzala ikhula kwisithuba seenyanga ezintathu nangaphantsi nasemngciphekweni ongephi wezinga lenzala, isixa esiphathekayo sezi asethi silingana nexabiso lazo elihle.

5. Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano

Iintlawulo zorhwebo	11,499	-
---------------------	--------	---

Iintlawuli zihlelwa ngokwendleko ecinyiweyo. Isixa esiphathekayo kwiintengiselwano zeentlawulo zilingana nexabiso lazo elihle.

6. Ingeniso yenzala

Inzala efumanekileyo	41,312	41,925
----------------------	--------	--------

7. Enye ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Isisa: inkonzo yesisa	747,106	704,667
-----------------------	---------	---------

Ngeenkukacha ezingeSisa: iinkonzo zesisa, yiya kwinothuthi 12.

8. Iintlawulo kunye neenkxasomali

Imali esuka kwiSebe efumanekileyo	313,000	303,000
-----------------------------------	---------	---------

9. Iintlawulo zophicotho

Uphicotho lwangaphandle	77,466	62,752
-------------------------	--------	--------

Ukwenyuka kungenxa ikakhulu yenkcitho ethe yenziwa kuphicotho luka2024/25.

INowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali

Amanani ngokweRandi	2025	2024
10. Iinkcitho eziphangaleleyo		
Ezingezidlo ¹	22,000	14,255
Iinkonzo ² zeengcali nezenziwa ngaphandle	50,687	8,895
Ukuprinta nopapasho ³	66,134	117,312
Iinkcitho kwisofthwe	30,592	27,810
Iihambo nezidlo ⁴	54,557	45,034
	223,970	213,306

¹ Yonke imihlangano ibibanjwe ubuso ngobuso apho bekuthengwe izidlo.

² Ukuguqulelwa kwawo onke amaxwebhu amakhulu kuthe kwenziwa ngaphandle kulo nyaka.

³ Iinkcitho zonyaka ongaphambili ibandakanye ukuprintwa kwamakhasi okudlala ngoLwimi lweZithulu.

⁴ Yonke imihlangano ibibanjwe ubuso ngobuso, nto leyo yandise isidingo seehambo nendawo yokuhlala kulo nyaka siwushukuxayo. Iintlawulo zeehambo nezidlo zibandakanya iintlawulo zeehamente zeehambo.

11. Iintlawulo zaMalungu

NguBartman, R	-	952
uGrootboom, G	4,642	2,939
uJama, Z	1,768	3,536
uLentz, G	15,417	7,742
uLesch, L	11,696	6,256
uMakambi, S	-	1,904
uVermeulen, S	11,696	6,256
noWillems, E	3,672	2,856
	48,891	32,441

12. Iinkonzo zesisa

Indleko yaBasebenzi: iinkonzo zesisa	747,106	704,667
--------------------------------------	---------	---------

Amagosa aqashwe liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (iDCAS) afezekisa imisebenzi yezolawulo eyayamene neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (iWCLC). ICandelo loLawulo lweMali linoxanduva lokunikezela inkxaso kwiGosa eLongamele iMali yaye amagosa enza umsebenzi woLawulo lweMali ngawo odwa amagosa anikezelwe kwiWCLC. Iinkonzo zesisa ezinikezelwa ngala magosa abalulekile kwimisebenzi kunye neenjongo zokuhanjiswa kweenkonzo zeWCLC ngoko ke intlawulo le inakanwa kwiNgxelo yeNtsebenzo yeMali yeWCLC njengoko kudingeka ngokwemigaqo yeGRAP 23.

Umlawuli: kwiiNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko neLwimi, iGosa eLongamele iMali, yaye amagosa athile akwiCandelo: leeNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko neLwimi enza imisebenzi emibini kuba enikezela iinkonzo kwiDCAS nakwiWCLC. Kunzima ukulilinganisela ixesha elichithwa ngala magosa kusenziwa imisebenzi yeWCLC. Njengomvuka woko ke, iinkonzo zesisa ezifumaneka kula magosa ayikwazi ukulinganiseka ngokuchanekileyo yaye azibandakanywanga kwiinkonzo zesisa ezinakanwa kwiNgxelo yeNtsebenzo yeMali yeWCLC njengoko kudingeka ngokwemigaqo yeGRAP 23 kuba ezi nkonzo zesisa zinikwa iWCLC azisikholisi isidingo sokunakanwa.

Ukwanda kwanyaka nanyaka kungenxa ubukhulu becala beenguqu kwiindleko zokuphila kweli thuba silishukuxayo.

INowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali

Amanani ngokweRandi	2025	2024
13. Imali esusela kwimisebenzi		
Intsalela	3,985	36,426
Iintshukumo ezingenamali:		
Ingeniso: iiNkonzo zesisa	747,106	704,667
Inkcitho: iiNkonzo zesisa	(747,106)	(704,667)
Iinguqu kwikhapitali yokusebenza:		
Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano	48	(63)
Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano	11,499	-
	15,532	36,363

Ngenxa yenguqu ekunikezelweni ngokwemivo ukususela kwirandi ukuya kumawaka erandi, isixa sezifumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano kunyakamali u2023-2024, sasingazange sidizwe ngaphambili.

14. Amahlakani azalanayo

Ubudlelane	
Umxhasi omkhulu	IiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (iDCAS)
Ihlakani elikhulu	yiHeritage Western Cape
Ihlakani elikhulu	yiKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IDCAS inikezela ngendawo yokusebenzela kwiWCLC ukuze yenze imisebenzi yayo yezolawulo neyemali.

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo njengoSomaqhuzu ulihlakani elizalanayo kwiWCLC ngokwemigaqo yeGRAP 20.

Amalungu eWCLC njengoko kudiziwe kwinothuthi 11 nakwiqumrhu eli angamahlakani azalanayo ngokwemigaqo yeGRAP 20.

IWCLC ithatyathwa yiBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika ziZonke (iPanSALB) njengekomiti yeelwimi yephondo kwiNtshona Koloni. Iyasebenzisana ze inikezela iingcebiso kwiPanSALB ngemiba yeelwimi yeli phondo yaye ke ngoko ilihlakani elizalanayo ngokwemigaqo yeGRAP 20.

Onke amaSebe kunye namaQumrhu kaRhulumente akwiNtshona Koloni athatyathwa njengamahlakani azalanayo njengoko ephantsi kolawulo olunye lwendlu yowisomthetho yePhondo.

Iintengiselwano

Ingeniso efumaneke kumahlakani azalanayo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	313,000	303,000
--------------------------------------	---------	---------

Iinkonzo zesisa ezifumaneke kumahlakani azalanayo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	747,106	704,667
--------------------------------------	---------	---------

15. Ulawulo lomngcipheko

Iintshukumo eli Qumrhu zilibeka esichengeni sothotho lwemngcipheko yemali: umngcipheko weemakethe (umngcipheko wezinga lenzala yexabiso elihle, umngcipheko wezinga lenzala yokuphuma nokungena kwemali), umngcipheko wokuba sematyaleni kunye nomngcipheko wokubhanga.

Umngcipheko wokubhanga

Umngcipheko wokubhanga ngumngcipheko wokuba eli qumrhu alinakuba naho ukumelana nezidingo zalo ngokwemali njengoko lifika ixeshaloko. Ngokwezidingo zayo zokubolekisa, iqumrhu eli liqinisekisa ukuba zikho imali efanelekileyo ukuze libe nokumelana nezidingo zentsebenzo yalo ezilindelekileyo kwanezo zingalindelekanga. Zonke iintlawulo zeebhalansi zeeakhawunti zingena kwisithuba seentsuku ezingama30 omhla wokungena kwengxelo.

Uhlalutyo lweemvakalelo

Ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, ukuba izinga lenzala kuthotho lwezixhobo ezahlukeneyo zemali bezikhe zibe ku1% nangaphezulu/nangaphantsi nazo zonke ezinye iiyantlukwano, intsalela yalo nyaka ibiya kuba ngamaR4 977 nangaphezulu/nangaphantsi.

Umngcipheko wokuba sematyaleni

Umngcipheko wokuba sematyaleni ubhekisa kumngcipheko elithi elinye iqumrhu lingabi nakumelana nemiqathango yesibhambathiso nto leyo ikhokelele kwilahleko yemali kweli qumrhu. Iqumrhu lamkele umgaqonkqubo wokusebenzisana namaqumrhu anakho ukufumana amatyala kuphela.

Umngcipheko wokuba sematyaleni ubandakanya ubukhulu becala kwiidipozithi zemali, ezilingana nemali, izixhobo zemali ezisuselayo kunye nabatyali borhwebo. Iqumrhu lidipozitha kwiibhanki ezinkulu kuphel ezineeprofayili ezintle ngokwamatyala yaye lisebenza nehla elinye kuphela.

Akukho zithintelo zamatyala ekuthe kwagqithiselwa kuzo kwisithuba sokuqulunqwa kwale ngxelo, yaye abaphathi abalidelanga zilahleko ngenxa yokungabikho ntsebenzo ngala maqumrhu.

Ukuba sesichengeni esikhulu somngcipheko wokuba sematyaleni.

Umngcipheko weli qumrhu wokuba sematyaleni kwinkalo yeemalimboleko kunye nezifumanekayo uphelele kwizixa ezikwiphepha leebhalansi.

Umngcipheko weemakethe

Iqumrhu alikho sichengeni somngcipheko weemakethe, ngenxa yokuba kulindeleke ukuba lihlawule ngokupheleleyo amaqumrhu eliwatyalayo kwisithuba seentsuku ezingama30 emva kokufumana i-invoysi njengoko kulindelekile ngokwemimiselo yesebe kwanangokwePFMA.

Umngcipheko wezinga lenzala

Iprofayili yomngcipheko yeli qumrhu ibandakanya iimalimboleko zamazinga azinzileyo nagungqayo, iibhalansi zeebhanki ezibeka eli Qumrhu kumngcipheko wezinga lenzala yexabiso elihle kwakunye nomngcipheko wezinga lenzala yokungena nokuphuma kwemali zingashwankathelwa ngolu hlobo:

Iiasethi zemali

Ezorhwebo kunye nezinye ezifumanekayo zikwizinga elizinzileyo. Abaphathi balawula umngcipheko wezinga lenzala ngokuthi baxoxele amazing anenzuzo kwiimalimboleko ezinamazinga agungqayo ze apho kukwazeka khona kusetyenziswe iimalimboleko ezinenzala ezinzileyo.

Abaphathi bakwanomgaqonkqubo ozinzisa inzala kwiimalimboleko kwakunye nenzala ehlawulwa kumatyala.

INowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali

Amanani ngokweRandi

2025

2024

15. Ulawulo lomngcipheko (luyaqhuba)

Umngcipheko wezinga lenzala yokungena nokuphuma kwemali

Isixhobo semali	Iindeleke kwisithuba esingaphantsi konyaka	Iindeleke kwisithuba sonyaka ukuya kwemibini	Iindeleke kwiminyaka emibini ukuya kwemithathu	Iindeleke kwisithuba seminyaka emithathu- kuya kwemine	Iindeleke emva kweminyaka emihlanu
Imiqathango eqhelekileyo yamatyala - imali ekumaqumrhu okubhankisha ngoku	497,720	-	-	-	-
Imiqathango eyandisiweyo - iiNtlawulo	(11,499)	-	-	-	-
Isixa esiseleyo	486,221	-	-	-	-
Idlulile kodwa ayicwangciselwanga	-	-	-	-	-

16. Iintshukumo zasemva komhla wokunikezelwa kwengxelo

Akubangakho zintshukumo zibonakalayo ezingenazinguqu ezithe zenzeka emva kwexesha lokunikezelwa kwengxelo.

17. Iyantlukwano kwizabelomali

Iyantlukwano ephathekayo phakathi kwesabelomali kunye nezona zixa

17.1 Ingeniso yequmrhu engezizo iintengo

Ukungaqokeleleki ngokwaneleyo kungenxa ubukhulu becala yokwehla nokwenyuka kwizinga lenzala.

17.2 IiNveliso neeNkonzo

Intsebenziswano namahlakani kumaphulo apha thelele kwiilwimi ikhokelele ekongeni kweli Qumrhu.

18. Intsebenzo ngokweB-BBEE

Iinkcukacha ezingokuthotyelwa koMthetho weB-BBEE zibandakanyiwe kwingxelo yonyaka phantsi kwecandelo elisihloko sithi kweeNkcukacha ezingokuThotyelwa kweNtsebenzo yeB-BBEE.



Western Cape
Government



Western Cape Language Committee
Wes-Kaapse Taalkomitee
IKomiti yeelWimi yeNtshona Koloni



Western Cape Language Committee

Annual Report 2024/25

CONTENTS

PART A: GENERAL INFORMATION 3

1.	PUBLIC ENTITY'S GENERAL INFORMATION	3
2.	LIST OF ABBREVIATIONS/ACRONYMS	4
3.	FOREWORD BY THE CHAIRPERSON	5
4.	ACCOUNTING AUTHORITY'S OVERVIEW	6
5.	STATEMENT OF RESPONSIBILITY AND CONFIRMATION OF ACCURACY FOR THE ANNUAL REPORT	8
6.	STRATEGIC OVERVIEW	9
6.1.	Vision	9
6.2.	Mission	9
6.3.	Values	9
7.	LEGISLATIVE AND OTHER MANDATES	9
8.	ORGANISATIONAL STRUCTURE	13

PART B: PERFORMANCE INFORMATION 14

